*Indumiso I.*

1 C.M.

ASIMNTU uyolo lowo
Ungelil' inxaxà,
Maceben' abangendawo
Akana kuhamba.

Endleleni yab' aboni
Akanak' ukuma ;
Nambùtweni yabagxeki
Akahlali kuyo

2 Yonk' imini nobusuku
Sok' enonelela
Umyalelo ka Yehova,—
Ecamanga ngawo

3 Unje ngomt' omiliselwe
Pezu kwemijelo ;
Ovelisa isiqàmo
Ngamaxesha aso.

Alibun' igqabi lawo,
Hlala liluhlaza ;
Kufuman' impumelelo
Oko akwenzayo.

4 Unakany' abangendawo,
'Ntsikelel' injalo ;
Baba njengomququ bona
Opetshetwa umke.

5 Ngenxa yok' abangendawo,
Mini yesigwebo,
Isikundla asikubako, —
Sesama lungisa.

6 Kuba indlela yamalunga
Iyayaz' i-Nkosi ;
Kodwa ley' iyakudaka
Yezi kohlakali.

———o———

*Indumiso II.*

2 C.M.

KOKWANIN' oku bàrula
Kwazo ezintlanga ?
Ngati zenz' imbùtumbùtu
Yokupìtizela ?

'Zizwe zicamang' uhwàya
Zidùbadùbeka,
2 Nab' okumkani bomhlaba
Nabazidwangube ;

Babùngana ngamacebo
Bezidèpisela,
Ngom-Tanjiswa ka Yehova
Bayabùngisana.

3 Bati :—Qàul' imbopelelo
Sizijace kuti ;
Masilahle ezi zintya
Zingasikùleki.

4 Yen' ohlel' emazulwini
Ubahleka bonke ;
Iyabagculel' i-Nkosi
Ngawo lamampunge.

5 'Yakuteta ngobàvumo
Bokwànqiswa bonke ;
'Yakutshijila ngomsindo
Bakunkwantya bonke.

6 Yoti :—Ndizitambisele
Lowo ongo Wami,
Pezu kwe Tsiyon' engcwele
Nguye u-Kumkani.

7 Womenyezw' ummiselo
Ka-Yehova Ngaye
Oti—Ungu Nyana Wam
Namhla ndikuzele.

8 Cela Kum' okulilifa
Ndikwabel' intlanga ;
Kwizipelo zaw' umhlaba
Wenze ngokutanda.

9 Wozivikiva ngentonga
Eyentsimbi yona ;
Wozihlekez' ezo zitya
Zibunjwe ngodongwe.

10 Yalekani, bokumkani,
Niqiqe, bagwebi ;
11 Mukonzeni u-Yehova,
Eyokoyikw' i-Nkosi.

Gcobani, tùtùmelani,
Ube myol' umbuso,
12 Msindo Wak' ungekavuti,
Mangeni u-Nyana ;

4 Kuba Wen' akungu-Tixo
Onanz' inkohliso;
Engena kupambukela
Kuwe onobubi.

5 'Baqâyis' abanakuma
Ebusweni Bako;
'Basebenzi bobutshinga
Kuwe balizote.

6 Abateti bobuxoki
Uyabadakisa;
Ku-Yehova lisikizi
'Ndoda yenkohliso.

7 Kodwa mna ndinokungena
Kuyo indlu Yako,
Nditembele kulo nceba
Ingapele ndawo.

Ndiqubude ndibêkise
Ebungcwaliseni
Betempile leyo Yako,
Ndisekoyikeni.

8 Ngenxa yabandizondayo,
Nkosi, ndipeleke,
Lungelelànis' indlela
Ube mkapi wami.

9 Emlonyeni wongendawo
Akukont' imiyo,
'Ncwâba elivuliweyo
Umuqala wabo.

Batet' okugudileyo
Ngal' ulwimi lwabo;
Kanti umbilini wabo
Ngumeyeliselo.

10 Batwâlis' ityala, Tixo,
Amaceb' atshitshe;
Elureqeni batyâle,
Bakupikisile.

11 Mabavuye, banqatyiswe
Abayame Ngawe;
Beduma ngonapakade
Bekuselwe Nguwe.

Abatand' igama Lako
Mabadlamke bonke,
12 Liyasikelelw' ilunga
Kuhlanganiselwa
Ngu-Yehov' inkoliseko,
Nguye olikaka
Obarâqileyo Nguye
Kus' epakadeni.

—o—

*Indumiso VI.*

**6** L.M.

UNGANDOHLWAYI, Yehova,
Unomsindo nobushushu;
2 Amatambo ayankwantya
Ndibabale, ndiyayoba.

3 Umpefuml' ukwânqisiwe,
Wod' uze kuteke-nina?
4 Nkosi, buy' uwuhlangule,
Ndisindise ngay' inceba

5 Akuseko kukumbula
Kwabase ngabafileyo;
Kwabasese mancwâbeni
Botinin' ukubulela?

Ndidiniwe koku gcûma;
6 Ubusuku bulixâla,
Kub' ukûko ludâdiswa
'Nyembezini zokulila.

Liso lami lonakele
7 Zezi ntlungu zontywiziso;
Zinkatazo lalupele
Ngenxa yababandezeli.

8 Sukani matshinga-ndini!
Selevile u-Yehova;
Ulamkel' elam ilizwi
Ekubeni bendilila.

9 Uluvil' utaruziso
Uwamkel' umtandazo.
10 'Dano, kwânqiso kwintshaba,
Ezobuya ngepanyazo.

—o—

*Indumiso VII.*

**7** C.M.

TIXO, ndizimela Nawe,
Xa ndisukelwayo;
Ndisindise ndihlangule,
Wena, kubo bonke.

6 Umpatise ubukosi
Endalweni Yako ;
Ezite-ke zonk' izinto
Zaba pantsi kwake.

7 'Nkomo zonke zipelele
Nemfutshan' impahla
Kwane nyamakazi nazo
Zase mapandleni ;

8 Ntlanzi zidåkas' elwandle,
Nentaka zezulu.
Kulo lonke ihlabati
Yehov' uyongama !

——o——

*Indumiso IX.*

## 9

C.M.

NDOBULELA ku Yehova
Ngentliziyo ipela,
Ndibalis' imisebenzi
Ebalaseleyo.

2 Ndakuvuya ngemihlali
Ngal' igama Lake,
Ndilibetel' uhadi
Elose nyangweni.

3 Zakuhlehl' ezam intshaba
Ziwe pantsi Kwako ;
4 Kub' ulifezil' ityala.
Mgwebi olilunga.

5 Uzikålimel' intlanga
Zabo bangendawo ;
Gama lazo libångile
Nango napakade

6 'Ntshaba zona zigqibele,
Kwama nxiwa mpela ;
'Mizi yazo inyotulwe
Inga kumbuleki.

7 U-Yehova usahleli
Akagungqiswa nto,
'Trone yokugweba Kwake
Uyizinzisile.

8 Ngobulungisa uyagweba
Kweli limiweyo,
Ngolaul' olungapikwayo
Uzipet' izizwe.

9 U-Yehova uyingxonde
Ngamaxesh' amabi.
Abo abatyunyuzwayo
Uyabahlangula.

10 Gama Lako lilikolo
Kwaba lazileyo ;
Kuba akubashiyanga
Abakufunayo.

11 Mvumeleni indumiso
U-Yehov' e-Tsiyon ;
Mazixelw' izenzo Zake
Ezizweni zonke.

12 'Mpindezeli wamagazi
Uyakumkumbula ;
Nesikålo selulama
Engasilibali.

13 Bon' intsizi zam, Yehova,
Uz' undibabale
Kubatiyi, kwanokufa
Uz' undihlangule ;

14 Kokôna ndobalisela
Indumiso Yako,
Kumasango e-Tsiyone
Ndingosindileyo.

15 Zeyel' intlanga kwisihogo
Eso zasenzayo,
Zibanjiswe ngalo mnata
Zawugqumelayo.

16 Uzazisile, Yehova,
Ngokugweba Kwako ;
Ongendaw' ubanjiswa
Kwange siqu sake.

17 Bobuyel' abangendawo
Kwelabafileyo,
Kweli ntlang' alityelweyo
Ongu-Tixo wazo.

18 Akakuhlal' elityelwe
Lowo ulihlwempu,
Nal' itemba lentsizana
Aliyi kudaka.

19 Kåusuk'ume, Yehova,
Lungaråtsh' uluntu.
Pambi Kwako zifanelwe
Kukugwetyw' intlanga

*Indumiso XI.*

## 11 C.M.

NDIZIMELA ngo Yehova
Nitinin' ukuti,
Kuwo umpefumlo wamu,
Singa entabeni ?

2 Ndityedelwe isapeta
Ngabo bangendawo
Balungis' intolo zabo
Ese kwamalunga.

3 X' iziseko zigùnxùlwa
Lotinin' ilunga ?
4 U-Yehov' uyi tempile
Eyingcwele Yalo.

Trone Yak' isezulwini,
U-Yehova Lowo ;
'Mehlo Ak' ayababona
Onyana babantu.

5 Ku-Yehova nelungisa
'Licikidwa njalo ;
'Gonyamelo longendawo,
Akavani nalo.

6 Imigibe kongendawo,
Ixananazile ;
Lopu, sulfure, mlilo
Zizabelo zabo.

7 Ekubeni elilungisa
U-Yehov' i-Nkosi,
Abatanda ukulunga
Bobonana Naye.

——o——

*Indumiso XII.*

## 12 C.M.

SIPELELWE ngabcnceba
Sindisa, Yehova ;
Bate-shwak' abenyaniso
Konyana bak' Adam.

2 Bateta inkohlakalo
Belalanisana
'Mlom' umbàxa, nentliziyo
Becenga-cengana.

3 Ngabanquml' u-Yehova
Abalalanisi ;
Nabantet' igudileyo,
Ngemilomo yodwa.

4 Abahlupezi lulwimi,
'Mlomo wab' usiti :
Yengubanin' i-nkosi.
Esongameleyo ?

5. Zakubùqwa intsizana
Amahlwemp' ancwine
Ndakusuka ndipàkame,
Utsho u-Yehova ;

Ndakumbek' elusindweni
Low' ulufunayo.
6 Acoccke onk' amazwi
Angaka-Yehova :

A-silver' ihluziweyo
Ngelishush' iziko,
'Nyibilike kasixenxe
Ukuvutwa kwayo.

7 Wawagcin' alondolozwe
Yen' ongu-Yehova ;
Kukwes' isizukulwana
Kus' epakadeni.

8 Bakuhex' abangendawo
'Macalana onke,
Kupàkama kwabangèni
Konyana bak' Adam.

——o——

*Indumiso XIII.*

## 13 C.M.

WONDILIBALA, Yehova,
Kude kupele-na ?
Wobusitelis' ubuso
Kude kutinina ?

2 Kuninina lompefumlo
Ndiwubênca-bênca,
Inesinqàl' intliziyo
'Mini l' indipete ?

Kunini-na lundimele.
Olutshaba lwami ?
3 Yehova Tixo, kàubèke
Uk' undipendule.

*Indumiso XVI*

## 16 C.M.

NDILONDOLOZE, Yehova,
Ndizimela Ngawe :
2 Ndite-Kuw' ungapezu konke
Okundilungeleyo

3 Kwaba ngcwele emhlabeni
Ndizikôlisile ;
Abo bona bazinànà
Zokunanzekayo.

4 Abananis' u-Yehova
Ngawumbi u-Tixo,
Zot' ezab' imbulaleko
Zande-zibandele.

'Minikel' andiyitululi
Eyegazi yabo;
'Magam' ab' andiwapati
Asisihlambezo

5 Ngu Yehova isahlulo
Endisabelweyo ;
Uyindebe, ulilifa
Elenziwe banzi.

6 Amacandel' andiwele
Kwezimnand' indawo ;
He-ke ! ndide ndanelifa
Elihle kakulu.

7 Ndakumbonga u-Yehova
Umcebisi wami ;
Zintso zam zinditetisa
Ziqub' ubusuku.

8 Pambi kwam maxesha onke
Ndimis' u-Yehova ;
Enguye ekunene kwam
Andishukunyiswa.

9 Ngako oko kuluvuyo
Entliziyweni yam,
Luzukis' ol' kolisayo,
Enyameni yam,

10 Umpefuml' awukushiywa
Uwelabafileyo,
Amyekel' esihogweni
Owako wenceba.

11 'Mendo wobom' wondazisa,
Anez' ukuvuya
Pambi Kwako, k'nene Kwako,
Bubumnandi mpêla.

——o——

*Indumiso XVII.*

## 17 C.M.

YEHOVA, beka indlebe,
Buv' ubulungisa;
Kuhlahlambo baz' indlebe
Lomtandaz' omsulwa.

2 Ibango lam malivele
Ebusweni Bako ;
'Mehlo Ako akàngele
Okufaneleyo.

3 Undivelel' ebusuku
'Mcikidi-ntliziyo ;
Undicedu-cedulula
Akwafumana nto.

Ndikuqinisa ngokuti,
Yona into embi
Ukugqit' emlonyeni wam
Akuso kwenzeka.

4 Kwimisebenzi yoluntu
Kweze z'hang' indlela,
Ndizigcine andangena
Ngokwelizwi Lako.

5 'Mikondo yam ibambile
Endleleni Zako ;
Ukuze ezam inyawo
Zingatyibiliki.

6 Oku nqula Kuwe, Tixo,
Kuba ndipendulwe ;
Okubiz' indlebe Yako,
Iv' eyam inteto.

7 Zibalul' inceba Zako
Kwaba kwenz' igwiba;
Uyolul' eyokunene
Bakupakanyelwa.

8 Njenge liso, zundigcine,
Njengo kôzo lwalo ;
Ndizimeze ngesitunzi
Samapiko Ako.

12 Kukåny' okupambi Kwake,
Tåpu ! kulomafu,
Yaba sipångo samatye,
Namalahl' omlilo.

13 Wadůdůmis' ezulwini
Low' upezu Konke,
Walikup' izwi Lake :
Kwawa isicoto.

14 Watumel' intolo Zake,
Zapångalalisa ;
Yamenyeza imibane
Yabadůba-duba.

15 Imihlaba yanqikeka
Kwampompoz' amanzi ;
Kukålima ko Yehova
Ebefuz' umsindo.

16 Wandolulela isandla
Ukub' andibambe ;
Wandirola emanzini,
Ayinzonzobila.

17 Wandopul' elutshabeni
Lundigågåmele ;
Kwababe ndomelelele
Ngak' ukunditiya.

18 Bendifikele lomini,
Yok' ukusindeka :
U-Yehova wandixåsa
Ngokundihlangula.

19 Wandikupela kwindawo
Epangaleleyo ;
Wandizinzisa-ke kuyo,
Kub' enditandile.

20 U-Yehova wandipata
Kakuhle kakulu ;
Ngob'lungisa ndabuy'selwa,
Kwana ngobunyulu.

21 Kuba ndazigcin' indlela
Ezika Yehova ;
Andemka ngokungendawo
Kuy' u-Tixo wami.

22 Kuba, 'masik' Ake onke
Nang' epambi kwami ;
Kwane mimiselo Yake,
Andiy' suqi kumi.

23 Ndandi ngogqibeleleyo,
Ndazigcina Kuye ;
Ndingonyulu ngentliziyo,
Ndingena bugwenxa.

24 Wandivuza-k' u-Yehova
Ngobo bulungisa ;
Ngobunyulu bokuzipata
Kwami, pambi Kwake.

25 Kowenceb' ungowenceba
Koligor' agore ;
Kogqibeleley' uzenza
Nay' agqibelele.

26 Kuye ozenze wanyulu
Nay' uzenza nyulu ;
Kuy' oman' ukugwilika ;
Uyamlinganisa.

27 Kodwa kwaba zintsizana,
Uyabasindisa ;
Kanti wobatoba abo,
Baqwayingis' amehlo.

28 Ngako isibane sami
Uyasilumeka ;
Abe kukany' e-Tixo wam,
Nakobo bumnyama.

29 Amadoda alw' ijara
Ngaye ndowagila
Endinceda u-Yehova
Ndoqabel' indonga.

30 Yen' u-Tix' igqibelela
Eyake indlela ;
Izwi Lake lihlalulwe,
Lanyibilikiswa.

Kwabo uyingweletshetshe
Bazimela Ngaye.

31 Ongu Tixo ngubanina,
Inge ngu-Yehova ?

Engubanina iliwa,
Inge-Tixo wetu ?

32 Undibinqis' uburoti,
Agqibelanise.

33 Nyawo zam zifana nezo
Zamaxåmakazi,
Ziyinyatel' imimango,
Ziyinyuka-nyuke.

4 'Ntambo yokulinganisa
Ijikelezile ;
Kwelimiweyo lipela
Kukùluma wona

Ayintente yal' ilanga :
Njengo myeni lona,
Low' upum' ecwàitile
Egumbini lake.

Liyadloba njenge gora
Lising' el'gqatsweni,
Ukuhamb' umendo walo
Endleleni yalo.

6 Esipelweni sezulu
Liti ukupuma,
Lijikele lokutshona
Ez' pelweni zalo.

Kubo ubushushu balo
Nanye int' ekoyo
Enokuzisitelisa
Kwibandezi lalo.

7 'Myalo Wak' ugqibelele
Ubuyis' umpefumlo ;
Nesinqino s'ka Yehova,
Sinyanisekile.

Naso isiyata esi,
Sisip' ubulumko.
8 'Zimiselo zo-Yehova,
Zifànelekile.

Zivuyisa intliziyo,
Ziyitutuzele.
'Mteto ka Yehov' unyulu,
Uyakanyisela.

9 Ukoyika u-Yehova,
Okusimakade,
Kuma ekucocekeni,
Kus' epakadeni.

Izigwebo zo Yehova,
Ziyiy' inyaniso ;
Zibulungisa kwapela.
Obungapikwayo.

10 Ziyidlule igolide.
Ukunqweneleka ;
Leyo yon' ingcwengileyo —
Ehluzekileyo.

Zikwamnandi kunobusi,
Obo bunencasa ;
Obuncind' itòntsis'weyo,
Kobe nqata labo.

11 Zona ziyamkanyisela
Olikonza Lako
Woba mkul' umvuzo wazo
Ekuzigcineni.

12 Ngubanin' oziqondayo,
Xan' alahlekayo ?
Kwezi siteley' imfihlo,
Ndenze ndibe msulwa.

13 Nakwe zoku kùkùmala,
Nqand' umkonzi Wako ;
Nezoreqo zingamlauli :
Kona ndofezeka.

14 'Mazw' omlom' nengcamango
Kuyo lentliziyo—
Makoleke ku-Yehova,
Liwa, Mkululi wam.

——o——

*Indumiso XX.*

## 20 C.M.

MAKAKUVE u-Yehova
Mhla ngembandezelo,
Likupakamis' igama,
Ka-Yakob' u-Tixo.

2 Akutumele uncedo,
Lwase bungcweleni ;
Akuxase ngokupuma,
Kuy' e-Tsiyoni.

3 Ay'kumbul' iminikelo,
Eyokudla yonke,
Namadin' atyebileyo
Kuw'afumaneke.

4 Eyentliziy' iminqweno
Akwanezisele ;
Konk' okumacebo ako.
Akuzalisele.

5 Ngenxa yosindiso lwako
Singamemelela ;
Sipakamis' ibànile
Ngo Tixo wetu.

2 Tix' emini ndiyabiza
Akundipenduli;
Ebusuku ndakubiza
Anditozanyiswa.

3 Ngcwele yakwa Sirayeli
'Mhlali zidumiso,
4 Bakolosa Ngaw' obawo
Wabasiza Wena.

5 Bakukàla wabasiza,
Akwabadanisa,
6 Ke-mna andinto yanto
Ndiyintw' engumbungu.

Isingcikiv' ebantwini,
Into yokugculwa;
7 Incekev' edeliweyo,
Kwabandibonayo.

Bahlunguzel' intloko
Bendisinekela;
8 Bati: Makazilahlele
Ku-Yehov' amsize.

" Makamhlangule kaloku
Kuba emtandile!
9 Ewe, wandityobozisa
Kowandizalayo

Waba nkolosisi yami
'Mabeleni kamá,
10 Ndandingolahlelwe Kuwe
Kwase sizalweni.

Kwase mbilini kamá
Ubungu-Tixo wam.
11 Isondel' imbandezelo,
Mus' ukuba kude.

Ngokub' akuko mncedi,
Ungafunyanwayo.
12 Isininzi saz' inkunzi,
Sindihlanganyele.

'Mbàlasane ze-Bashane
Zindenzel' umnyele.
13 Zindakàmele umlomo,
Zindivungamela.

Ngokwe qwengay' ingonyama.
Kwane bàlasayo.
14 'Matamb' am awohlokile
Ndangopaleleyo.

Imfano nye nomtwèbeba
Intliziyo yami;
Inyibilike pakati,
Kwembilini yami.

15 Mandla anje ngokwegopè
Kany' ukoma kwawo;
'Lwimi lwam lunamatele,
'Makuhlangubeni.

Ndingobekwe el'tulini
Olukuk' ukufa.
16 Kwanezinja okokwazo.
Sendirawule,

Elobub' ibandlakazi
Selindingungele;
'Lindigqoboza inyawo,
Kwanazo izandla.

17 Amatambo ami onke
Ndinokuwabala.
Bona benz' imboniselo
Endijongileyo.

Bahlulahlul' ingubo zam
Babelana ngazo;
18 Basenzel' amaqashiso
Esam isambàto.

19 Ke, Wena Yehova, Tixo,
Ungabi kude nam;
Umandl' am makauleze
Aze kundinceda.

20 Umpefumlo wuhlangule
Kuwo lamarele;
Ube ngob' isindileyo.
Kwelezinj' itùpa,

21 Emlonyeni wengonyama
Kawu ndisindise;
Nase zimpondweni zenqu
Undenzel' ikaka.

22 'Gama Lako ndolazisa
Kuz' izalamane;
'Ze pakati kwalw' ibandla
Ndidumise nditi:—

23 E! boyiki bo-Yehova,
Dumisani nonke;
Mbewu-ndini ka-Yakobi,
Mzukiseni Yena!

3 Owoy' nyuka ngubanina
Intaba ye Nkosi?
Onokuma ngonjanina,
Kwindaw' engcwele?

4 Nguye ozandla zimsulwa
Nontliziy' inyulu;
Ongapongomeli bubi,
Umpefumlo wake.

Nguye low' ungafungiyo
Ngokukohlisayo.
5 'Ntsikelelo ka Yehova,
Uya kuyamkela;

'Bulungisa nosindiso
Kongu-Tixo wake;
6 Abe ngosizukulwana
Sabamnxâmelayo

Sizukulu sabafuna
Ngentliziyo yonke
Buso Bako, Wena Tixo
Ongoka-Yakobi.

7 Pakamisan' intloko zenu,
Nina ke masango;
Ivuleke iminyango
Yasepakadeni!

8 Az' angene enozuko
Ukumkani wenu.
Lo kumkani ngongubani
Ungowe nzukiso?

Ngu Yehova oligora
Low' ungu Somandla,
Ngu Yehova oligora
Lase zimfazweni.

9 Pakamisan' intloko zenu,
Nina ke masango,
Ivuleke iminyango
Yase pakadeni!

Pakaman' ukuz' angene
Ongu Soluzuko.
10 Lo Kumkani wolo zuko,
Ngubanina Yena?

Lo Kumkan' ungowozuko
Nguye u-Yehova;
U-Yehova wemikosi
Nguy' u-Soluzuko.

*Indumiso XXV.*

## 25 C.M.

NDIW' PAKAMISELA Kuwe,
Umpefumlo wami:
2 Unkoloseko yam, Tixo,
Mandingadaniswa:

Mabanga ndivuyeleli
Abo bazintshaba.
3 Lowo utembela Kuwe
Akayi kudana.

Ngabanginizel' ilizé
Abaya kudana.
4 Yehova, nced' undazise
Ezako indlela

5 Ndikokele, ndiyihambe
Inyaniso Yako;
Ungu Tix' ongum Sindisi,
'Temba lam li-Nguwe.

Ndingojonge yonk' imihla
Ukuncedwa Nguwe.
6 Zikumbule imfesane
Ezika Yehova

Kwanenceba zolotando
Lulo lwapakade;
Ndikumbule, ndibabale
Ngesiqêlo Sako

7 Ezobutsha kum izono
Ungazikûmbuli;
Nokureqa kwezomini
Ungakukûmbuli.

Ngokwenceba Yako vodwa,
Nkosi, ndikumbule;
Ngenxa yokulunga Kwako
Wen' ungu Yehova.

8 Yena ute-tye kwapela
Ukulunga Kwake;
Ngoko uyabatyel' indlela
Abo bangaboni.

9 Bonk' abamlulameleyo
Ubanyatelisa
Kuz' indlela namasiko
Abafundisayo.

10 Abazandla ziyelenqa
Okungamanyala,
Ezok' nene zifumbete
'Zicengo zobubi.

11 Ndakuhamba okukokwam
Engqibelelweni.
Yiti, Nkosi, undibabale
Ngokundikulula.

12 Luz' emhlabeni obanzi
Luma unyawo lwam ;
Ndimubonge u-Yehova
Ndisemabandleni.

——·o·——

*Indumiso XXVII.*

## 27 C.M.

MKANYISELI ngu Yehova
Ndakoyika nina ?
Umsindisi, nqaba, 'bomi,
Ndonkwatyiswa nina ?

2 Bak' sondel' abenzi bubi,
Ukudl' inyama yam,
'Ntshaba, naba bandezeli,
Bakûbeka, bawa.

3 Ndiraulwe nayikampu
Andina koyika ;
Fan' imfazw' ipakamile
Noko ndinqabile.

4 Ku-Yehova inye into
Endicela yona,
Kukuhlala bonk' ubomi
'Ndlwini ka Yehova ;

Ndiqwalasele ubuhle,
Obuka Yehova ;
Ndipicot' etempileni
Endikubonayo.

5 Emnqubeni wondigusha
Ngemini yobubi ;
Esiteni lentent' Ake,
Andimis' eweni.

6 Kwa nangoku yopakama
Yon' intloko yami,
Pezu kwazo ezintshaba
Zindingqongileyo.

Ndakubinga ententeni
'Mibingo yodumo ;
U-Yehova ndomdumisa
Ndimbetel' uhadi,

7 Ndakubiza ngezwi lami
Ndive-ke Yehova ;
Ndibabale, ndipendule,
Undenzel' inceba.

8 Intliziyo yam Kuw' iti :—
Kweli uti :—Funani
Ubuso buka Yehova
Ndiyakubufuna.

9 Mus' ukubusitelisa
Ubuso Bako kum ;
'Mkonzi Wako ungamgili
Ngoburalarume

Wena uluncedo lwam
Uzungandilahli ;
Tixo ondisindisayo
Ungak' undishiye.

10 'Bawo nomá bandishiya,
Wena wandicòla.

11 Ndlela Yako ndiyalele
Wen' ongu-Yehova.

Kwabo bandilalelayo
Mandikatshwe Nguwe ;
Kote-tye umendo Wako
Wena ndikokele.

12 Musa ukundinikela
Kwilità lentshaba
Kuba andipakamele
'Manqin' axokayo :

Apakame ngemifuto
Yokugonyamela ;

13 Ababandezeli abo
Bandivukelayo

Macebetsh' ukupelelwa !
Koko ndandikolwa,
Kuti ndokubona apa
Ukulunga Kwako.

14 Yomelela ku-Yehova,
Utembele Kuye ;
Intliziyo ikalipe,
Utemb' u-Yehova.

9 Elika Yehova izwi
Liyawazuzisa
Amaxàmakaz' ehlati,
Avelis' amatsha.

Nase-tempileni Yake
Yonke int' ipela,
Iyavumelan' ukuti :
Ungu Soluzuko.

10 Kwaku nogumb' u-Yehova
Waye ngohleliyo ;
Eya kuba ngu Kumkani
Kus' epakadeni,

11 Abantu Bak' u-Yehova
Wobanik' amandla ;
Wobasikelela bona,
Abanzel' uxolo.

——o——

*Indumiso XXX.*

## 30 C.M.

NDOKUZUKISA, Yehova,
Kub' undirolile,
Ntshab' azandivuyelela
Koko kundinyusa.

2 Kuwe, Tixo, ndazibika
Wandipilisa-ke ;
3 Mupefuml' uwuvusile
Kwelabafileyo,

Wandinqakul' emhadini
Wandidlis' ubomi.
4 Nina ngcwele zo-Yehova,
Mbetelen' uhadi ;

Nibulel' isikumbuzo
Esingcwele Sake.
5 Kuba kwanomsindo Kuye,
Yinto yepanyazo.

Lon' itaru nobabalo
Zibubomi Bake ;
Ukulila kungenzeka
Kulalis' ukuhlwa ;

Kodwa kwakufik' ukusa
Tap' umemelelo.
6 Ngoko ndat' ebunqobeni
Ndigxumekekile.

Bona bayintaba yami
Engashukumiyo.
7 Kulonkolosek' injalo
Yokuqina kwami,

Ndibe nokukwânqiseka
Xa usiteleyo.
8 Ndasuka ndatyandusela
Ukudanduluka.

Ndibukangel' ubuso,
Obuka-Yehova,
9 Ndati: Yeyanin' inzuzo
Egazini lami,

Ekuhleni kwam ukuba
Ndiy' esihogweni ?
Lokudumisa-n' utuli
Lumis' inyaniso ?

10 Sewundibabala Yehova
Ube mncedi wami.
11 Ukuguqul' ukulila
Kube kukuqamba.

Ndize kulul' ez'rwexayo
Ndibinqisw' uvuyo,
12 Suka ndayivum' ingoma
Yozukiso Lwako

Andavum' ukuti cwaka
Kwanokubulela
Ku Yehov' u-Tixo wami
Kus' epakadeni.

——o——

*Indumiso XXXI.*

## 31 C.M.

NDIZIMELA ngo-Yehova,
'Za ndingadaniswa ;
Nami ndihlangule ngobo
Bulungisa Bako.

2 Ndjtobel' indlebe Yako,
Nxàma, ndihlangule ;
Zenze ube liwa, gwiba,
'Ndlu yemboniselo.

3 'Ungxôndor' eyimboniselo
Malungana nami ;
'Gama Lako lingumkâpi
Nomtundezi kumi.

22 Ekotukeni kwam ndati:
Ndingo nqanyulweyo,
Andiseyinto ikoyo
Emehlweni Ako.

Koko ekuzibikeni kwam,
Nase kukùngeni,
Waba ngolivay' elozwi
Ngay' inceba Yako.

23 Mutandeni u-Yehova
Ngale nceba Yake;
Ngu Yehov' umlondolozi
Wabanyanisayo.

Wabe kowenza ngeratshi
'Mpindezel' umkulu.
Intliziyo, may' kalipe
Leyo iyeyenu.

24 Nonke enimtembileyo
Onguy' u-Yehova,
'Bani ngabomelezayo
Intliziyo yenu.

—o—

*Indumiso XXXII.*

## 32 C.M.

HAY' uyolo lolureqo
Lute lwaxolelwa;
Sat' ison' asenzileyo
Naso saselelwa.

2 Hay' uyolo kuye lomntu
Ungabalelwayo
Bugwenxeni ngu-Yehova,
Nankohliso kuye.

3 Matambo am alupala
Ekutini cwaka;
Kwanoku kubònga, roqo,
Imihla ngemihla.

4 'Sandla Sako besinzima
'Mini nobusuku;
Bumanzi bam bagnqulwa
Qoko! labalela.

5 Ndakwazis' esam' isono
Andafihla luto,
Ndati: Mandivum' ureqo
Kuye u-Yehova.

Wabuxolela ke Wena
Obam ubugwenxa.
6 Ngenxa yoko kulixesha,
Lokub' utandazwe.

Bonke abangabenceba
Bakukufumana;
Nomkùkula waw' amanzi
Awu kubafika.

7 Uyindawo yok' zimela
Embandezelweni;
Wondiqulung' undisize
Kub' undingqongile.

8 Ndokufundisa indlela
Owohamba ngayo,
Nase kukucebiseni
Iso lam li Kuwe.

9 Mayingabi mfuzo yenu
Ukuswel' ingqondo;
Ukuba njengamahashe,
Nanje ngondlebende.

Nto zivato zingumkàla
Zokubotshw' umlomo;
Bengenazo ezontambo
Ukuzisw' akuko.

10 Ziyintapane intlungu
Kulow' ungendawo;
Okolosa ngo-Yehova
Womjikel' inceba.

11 Ku-Yehova ke vuyani,
Nenz' umemelelo,
Mazigcobe intliziyo
Ez'te tye kwapela.

—o—

*Indumiso XXXIII.*

## 33 C.M.

MEMELANI ku-Yehova
Nina malungisa:
Indumis' ifanele abo
Bas' milo site-tye.

2 Bulelani ku-Yehova,
Nimbetel' uhadi;
Mbeteleni kuw' umrubè
'Ntambo zilishumi.

2 Woqayisa ngo-Yehova
Umpefumlo wam ;
Aya kuv' amalulama
Abe nemivuyo.

3 Mkuliseni kunye nam
Low' ungu Yehova,
Silipakamise kunye
Eli gama Lake.

4 Ekumfunen' u-Yehova
Wandipendula ke,
Kwezo zinto wandisiza
Zazixȧlisile.

5 Bokȧziml' ubuso babo
Bakangela Kuye ;
Kuba bunge nazintloni
Zibang' ukoyika.

6 Lwamemeza usizana,
Waluv' u-Yehova ;
Kuzo zonk' imbandezelo
Wavelis' usizo.

7 Isitunywa so-Yehova
Singqinga nxa-zonke,
Kwaba ngaboyiki Bake,
Sizenz' umhlanguli.

8 Mboneni u-Yehova
Ukulunga Kwake ;
Unoyolo umfo lowo
Uzimela Ngaye.

9 Moyikeni u-Yehova,
Nina ngcwele Zake,
Kuba abanakuswela
Abamoyikayo.

10 Ezintsha ingonyamara
Zingade zilambe ;
Abamfunay' u-Yehova
Abasa kuswela.

11 Kȧniẓe ndinifundise,
Nina bangonyana,
Ukoyika u-Yehova
Kupulapuleni.

12 Obunxȧmeley' ubomi
Lomntu ngubanina ?
Nemihla elungileyo
Onga angay' bona ?

13 Gcin' ulwimi, gcin' umlomo
Kokuyinkohliso,

14 Yek' ububi, fun' uxolo,
Ube ngolilunga.

15 Aka Yehova amehlo
Akumalungisa ;
Kwanazo indlebe Zake
Kwaba zibikayo.

16 Ubuso buka Yehova
Kubenzi bobubi,
Bujonga ukuyinqumla
Inkumbulo yabo.

17 Abakȧla ku-Yehova
Wobapulapula ;
Abahlangule ke ngoko,
Embandezelweni.

18 Usondele u-Yehova
Kwaba pukileyo
Ngentliziyo, nabamoya
Utyumukileyo.

19 Nabuninzini bobubi
Obuhlel' ilunga,
Uịihlangul' u-Yehova
Kubo bonke abo.

20 Amatambo elungisa
Yena uyawagcina ;
Akuko nalinye kuwo
Elinokwapuka.

21 Ubulawa nabububi
Lowo ungendawo,
Abatiyi lungisa
Bazitwes' ityala.

22 Uyaukulul' umpefumlo
Wabakonzi Bake ;
Bengatwali tyala bonke
'Bazimela Ngaye.

——o——

*Indumiso XXXV.*

**35** C.M.

ABO babambȧna nam
Bambȧna ke nabo
Abo balwa nam, Yehova,
Yilwa ulwe nabo.

25 Mabangat' entliziyweni:
Nantso into yetu,
Tshotsho! tshotsho! simginyile
Besifuna oko.

26 Mabadaniswe zintloni
Abavuyeleli;
Ekungandenzini muntu
Mabambat' ihlazo

27 Vuyani ngomemelelo,
Batandi kulunga,
Niti: Ulonanz' uxolo
'Mkulu kumkonz' Wake.

28 Lwimi lwam luya kuxela
'Bulungisa Bako,
Yaye indumiso Yako
Yoba yeyemihla.

——o——

*Indumiso XXXVI.*

**36** C.M.

IZIHLABO zongendawo
Entliziyweni ziti:
Ukoyik' u-Tixo akunto
Emehlweni ake.

2 Ngezigudiley' inteto
Ziyalalanisa,
'De zifumanis' intiyo,
Esebugwenxeni.

3 'Mazwi ake bubutshinga
Ekwane nkohliso;
Uyiyekile ingqiqo,
Ngokwezenzo zake.

4 'Ngcinga, el' kukweni lake,
Zibutshing' obubi;
Engayicekis' indlela,
Engalungileyo.

5 Eka Yehova inceba
Ifikelel' izulu;
Kwa nokutembeka Kwake,
Es'bâkabâkeni.

6 Bungangentaba ka-Tixo
'Bulungisa Bako;
Uzigwebo zingamanzi,
Law' enzonzobila.

Umntu kwanayo inkomo
Zisindiswa Nguye;
7 Hayi, Tixo, ixabiso
Lay' inceba Yako.

Aba ka-Adam onyana
Bazimela ngayo;
Abe namapiko Ako
Engumtunzi wabo.

8 Bayahlutiswa butyebi
Bayo indlu Yako;
Ubaseza emlanjeni,
Weziyolo Zako.

9 'Tende lobomi nokânyo,
S'bonis' ukukânya,
10 Bolulel' abakwaziyo
Okubulungisa.

11 Mandinganyatelwa nyawo
Lwalow' uneratshi;
Singandipêkuz' isandla
Somntu ongendawo.

12 'Basebenzi bobutshinga
Nabo ke bewile;
Batyâliwe bada bawa
Ababi savuka.

——o——

*Indumiso XXXVII.*

**37** C.M.

UNGAZIVUTISI msindo
Ngabenzi bobubi;
Nabenz' ubungingingini
Ungabamoneli.

2 Bakusikwa kamsinyane
Bafaniswe nencâ;
Bakubuna njengohlaza
Oluti lupume.

3 Ngo Yehova zinqabise
Wenze ukulunga;
Lim' ilizwe ngentembeko
Ulandele yona

4 Ziyolise ngo Yehova,
Woti akunike
Okusukuba kufunwa
Yintliziyo yako.

25 Kè ndamncinci, ngok' ndimkulu,
Akuko kushiywa
Kwelunga ; nanzala yalo
Ivukel' isonka.

26 Libabal' imihla yonke,
Libolek' abanye:
Ngalonxa imbewu yalo
Iyintsikelelo.

27 Suka ebubini, wenze
Okulungileyo,
Ukuze uhlal' uhleli
Kus' epakadeni.

28 Okwesik' uyakutanda
Yena u-Yehova;
Naninin' akabashiyi
Abenceba Yake.

Okokwabo wobagcina
Kus' epakadeni:
'Mbewu yongendawo yona
Iyakunqanyulwa.

29 Oxàml' ilizw' amalungisa
Al' hlal' ipakade,
30 Owab' umlomo, nolwimi,
Lotet' okwesiko.

31 'Myalelo wo-Tixo walo
Usentliziyweni ;
Kuwo akakuk' ahexe
Amanyatel' alo.

32 Liyalalelw' ilunga,
Ngulow' ungendawo,
Ofuna ngokwenjenjalo
Ukulibulala.

33 U-Yehov' akal' nikeli
Esandleni sake,
Lakutetw' ityala labo
Nal' akaligwebi.

34 Tembela-ke ku-Yehova,
Ugcin' indlel' Ake,
Wokupakamis' ulidle
Ilifa ilizwe.

Ongendawo wombonela
Ekunqanyulweni.
35 Ndimbonile ongendawo,
Eyingqwanga ngqwili:
Exand' okomt' omileyo
Waba luhlazati,
36 Kudlul' umntu, nank' engeko
Nam andamfumana.

37 Gcina ogqibeleleyo,
Ote-tye mkangele ;
Kuba zon' izivela-mva
Zezomntu woxolo.

38 Ke bona abangendawo
Bobangiswa mpela ;
Sivela mva songendawo
Soba kunqanyulwa.

39 'Sindiso lwama lungisa,
Lupum' e-Nkosini ;
Ngexesha lembandezelo,
Uligwiba kuwo.

40 U-Yehov' uyawanceda,
Az' awasindise ;
Asindise kongendawo
Azimele Ngaye.

——o——

*Indumiso XXXVIII.*

**38** C.M.

YEHOVA, ungandohlwayi
Unomsind' omkulu ;
Mus' ukunditetisa mna
Ngoburàlarùme.

2 'Ntolo Zako zitshonile,
Kany' ukundihlaba ;
'Sandla Sako, ngokunzima,
Sindixàkamfule.

3 Enyamen' andipilile,
Ngenxa yomsind' Wako ;
Namatamb' akapilile,
Ngenxeni yezono.

4 Busuke-ke ubugwenxa
Bandikwèl' entloko ;
Bundisinda njengomtwalo
Ondihleli nzima.

5 Ibiqiza ukunuka,
Imivumbo yami ;
Obu bume bundibanga
Ukuba siyata.

5 Bon' imihl' ingangesandla
Nobomi abunto,
Bonk' abantu bangumpunga
Nakubeni bemi.

6 Umntu ukuhamba-hamba
Unje ngesitunzi ;
Ngxokozelo nje yompunga ;
Pė ! ekungazini.

7 Ndotembela kwintonina
Ngokunje, Nkosi yam ?
Makumiseleke Kuwe,
Ukulinda kwam.

8 Elureqweni lwam lonke
Nced' undihlangule ;
Kwi ngcikivo yesidenge,
Ungandimiseli.

9 Ndis'ke ndasimatane
Umlom' auvuleki ;
Okû kukwenziwa Nguwe.
10 Susa esibeto.

Ndiyapela kutyundyuta
Kwe Sako isandla.
11 Soya somntu njengenundu
Uyasonakalisa ;

Umtetis' umntu Wena
Ngenxa yobugwenxa,
Umfuzisa okwenundu,
Umswelis' isoya.

12 Ndikutandaza, Yehova,
Ndibazel' indlebe,
Ezinyembezini zam
Uzungati-cwaka.

Kuwe ndingumpambukeli,
Ndwendwe ngokobawo ;
13 Ungandikangeli ndoncuma,
Ndingekemki shwaka

——o——

*Indumiso XL.*

**40** C.M.

NDILINDELA, nditembele
Kuye u-Yehova,
Wazitoba-ke wakuva
Ndakuzililela.

2 Wandiròla emhadini,
'Mgxobozwen' wodaka ;
'Nyawo zam zamisw' eweni,
Manyatel' aqina.

3 'Ngoma entsha u-Tixo wetu
Ndamdumisa ngayo ;
Nkita, bonani noyike,
Nimkolw' u-Yehova.

4 Hay' uyolo kwindoda,
Enkol' iku-Tixo,
Ay' babėk' abaqwȧyingi,
Mapamb' axokayo.

5 Tixo wam ongu-Yehova,
Menzi wokuninzi,
Ngcinga misebenzi kuti
Ibalulekile.

Akulinganiswa nanto
Ingayexelwayo ;
Bendiya kuteta ngayo
Ukuba ibiko.

Ngcingane eziyinkohla
Zingenakubalwa.
6 'Mbingelelo, namnikelo,
Akuzinanzanga.

Ndlebe zam uzivulile ;
Akubizi dini—
Elililo elesono,—
Dini linyukayo.

7 Ndide ndati : Uyabona,
Ndiyeza nencwadi,
Isongiwe kubȧliwe
Ngami ngapakati.

8 Ukwenz' ukutanda Kwako
Ndikunyamekele,
Nawo umyalelo Wako
Usembilinini.

9 'Ndaba ezilungileyo
Ezobulungisa
Ndazishumayez' ibandla,
Andanqwanqwa ngazo.

10 'Bulungis' andibugqumanga
Kwintliziyo yami,
Kutembeka Kwako kumi
Ndikukȧnkanyile.

*Indumiso XLII.*

## 42 C.M.

NJENGEXAMA litsalela
'Mifulen' yamanzi,
'Mpefumlo wam wenjenjalo
Ukufun' u-Tixo.

2 U-Tixo wam ndimnxanele
Low' upilileyo;
Ndomufika, ndibubone
Nin' ubuso Bake?

3 Inyembezi zikukudla
'Mini nobusuku,
Xana bati yonk' imini:
'Tixo wako pina?

4 Umpefumlo luyeyane
Ndaku kumbul' oko;
Ndandihamba nezihlwele,
Ukuy' endlwin' ka Tixo;

Sinezwi lomemelelo
Elibulelayo,
Siy' ngxokolo, sivuyela
Uzuko lwemihla.

5 Usibekeke nganina,
Mupefumlo wam?
Kunganin' ukub' ugule
Ngapakati kwami?

Lindela ku-Tixo wena
Kuy' usak' bulela;
Olusindo lobam ubuso
Nongu Tixo wami.

6 Tixo, utòkombisile
Umpefumlo wami;
Ndikumbula Wen' ezweni
Le-Yordan, 'Hermon, 'Mitar.'

7 Manz' anzul' amemana
Ngangxangxasi Zako;
Maz' alwayo egùguma
Edlula pezu kwam.

8 'Nceba ku Yehov' emini
Woy' wisel' umteto;
Ndovuma ngay' ebusuku,
Nditandaz' u-Tixo.

9 Nditi-Tix' oy' ngxonde kum
Ngan' undilibale?
Ndihambe ndizilile-nje
Kuxinwa lutshaba?

10 Ngentw' ey' mpehl' ematanjeni
Bayandi ngcikiva
'Bandezeli mihla yonke
Bati 'Tix' upina?

11 Uz' tokombiselè nina
'Mpefumlo wam wena
Kunganin' ukub' ugule
Ngapakati kwam?

Lindela ku Tixo Wena
Kuy' usak' bulela
Olusindo lobam ubuso
Kwano Tixo wami.

——o——

*Indumiso XLIII.*

## 43 L.M.

TYALA lam litete, Tixo.
Uz' undisindise;
Kuhlang' olungenanceba,
Nendod' engendawo.

2 Uyinqaba yam-nje Wena,
Undihlamba ngani?
Ngani ukuba ndizile-nje
Kuxinwa lutshaba.

3 Tum' ukanyo, nenyaniso,
Ezondikapela,
Entaben' em' nqubeni
Leyo iyengcwele.

4 Ndoya ke kwi s'bingelelo
Ku-Tixo ngovuyo;
'Gcobo lwam lubulela
U-Tixo ngohadi.

5 Udakumbe yintonina,
Mpefumlo wam wena?
Uhlungiswa yintonina
Ngapakati kwami?

Lindela ku-Tixo wena,
Kuy' usak' bulela
Olusindo lobam ubuso
Kwano Tixo wami.

——o——

24 Busiteliswe nganina,
'Buso Bako kuti ?
Koluxino, cinezelo
Usilibelele nina ?

25 Sisu setu no mpefumlo
Zilel' el' tulwini,
26 Kausuk' ume usincede
Ngokwe nceba Yako.

——o——

*Indumiso XLV.*

**45** C.M.

NGENTLIZIYO ndipupuma
Elihle ke izwi,
Ndingayenza nayipin' into
Ijong' ukumkani ;

Lwimi lwam lukaulezisa
Kosiba lombâli,
2 Umhle wamhle wagqitisa
Konyana boluntu.

Kugalelwe ubumnandi
Emlonyeni wako ;
'Tixo wak' ukupe ngoko
Nyweba yapakade.

3 Binq' irele, gorandini,
Etângeni lako ;
Uyibinq' indili yako,
Nobungangamela.

4 Kwêl' utyudis' ukuhamba
Uyingangamsha ;
Ngenyaniso, nolulamo,
Lunobulungisa.

'Sandla sako sokunene
Sona sikuyale ;
Sabe sipêtel' ezonto
Zize zokoyikwa.

5 'Ntolo zako zitsolele
Ukuwis' intshaba ;
Zatsolel' entliziyweni
Elwa nokumkani.

6 'Trone Yako, ngunapakade,
Tixo wapakade,
'Ntonga yal' ulaulo Lwako,
Yintonga ete-tye.

7 Nguy' umtandi bulungisa,
'Mtiyi nkohlakalo ;
Ke, utanjiselwe oko
Ngongu Tixo wako ;

Ngeyemihlal' i oli
Pez' kwamakolwane.
8 Ngubo zako ziyi more
Kayisa, halate.

Umabotwe ahonjiswe
Ngempondo zendlovu,
Apo ukukuvuyisa
Kubetwa uhadi.

Intombi zokumkani zikô
Pakati kwentanda
Kumkanikaz' ekunene
Enxityw' igolide.

10 Ntombi, kawuve ubone
Uyitob' indlebe ;
'Bakowenu balibale,
Kwanendlu kayihlo.

11 Akubunqwenel' ukumkani
Bunzwakazi bako,
Wena woqubuda kuye,
Kub' uyinkosi yako.

12 Zoy' ncekelel' izityebi
Intomb' engu Tire :
13 Yambet' ubuyokoyoko
Kwel' pakat' igumbi

14 Yosiwa-ke kukumkani
Imabala-bala ;
Zaye zilandel' ezinye
Ukusiwa kuwe.

15 Ngemivuyo, nemigcobo,
Ukuviswa kwazo,
Zongena-ke ebôtweni
Lokumkani lowo.

16 Uyakubamis' onyana
'Ndaweni yoyise,
Babe ngabatetelcli,
Emhlabeni wonke.

17 Ndolikankanya igama Lako
Kwizizukulwana
'Kuz' izizwe zibulele
Kus' epakadeni.

——o——

*Indumiso XLVIII.*

## 48 C.M.

WONGAMILE u-Yehova
Ngowokudunyiswa,
Emzini wo-Tixo wetu
Kw ntab' Ak' engcwele.

2 Intle ukupûma kwayo
Iluzuko mhlaba ;
'Mzi wentaba ka-Kumkani
'Tsiyon, ntlom' esentla.

3 U-Tixo ezingxandeni
Ezo zinde zawo,
Wazelw, ukuba Yena
Uyindaw' engxonde.

4 Kuba nabo okumkani
Babenqopisene,
Bawela beyinginginya,
Beza bonke kunye.

5 Bebonil' abakûluma
Kukwânqa baroxa,
6 Babanjwa kutûtûmela
Bezibijabija.

7 Ngowempumalang' umoya
Uvit' inqanawa,
Ezo zakwa Tarashishe.
8 Njengoko sevayo,

Ngokunjalo sibonile,
Kumzi ka-Yehova:
'Tixo wet' uyauzinzisa
Okonapakade.

9 Lenceb' iye Yako, Tixo,
Siyayikumbula,
Sisengabo bapakati
Kwe tempile Yako.

10 Ngangegama Lako, Tixo,
Lunjal' udumiso,
Kuse ez'pelwen' zomhlaba
Uzel' ukulunga.

11 Vuya, ntaba ye Tsiyone!
Gcobani kwanani
Magxamesi akwa Yuda,—
Ngezigwebo Zako.

12 Jikelezan' i-Tsiyone
Niyizunguleze ;
Zibalen' inqaba zayo
Ezo zizezinde.

13 Nilugqale unqâmeko
Lowayo umsele,
Ngxande zayo nizicande
'Kuze nibalise.

14 Kuba lo Tix' ongowetu
Ngu Somapakade;
Kwizizukul' ezizayo,
Uya kusikâpa.

——o——

*Indumiso XLIX.*

## 49 C.M.

YIVAN' oku, nonke zizwe,
Bekani indlebe,
Nonke nina zima-mhlaba
Zepakade eli.

2 Nina bonyana boluntu,
Nani bamadoda ;
Izityebi, namahlwempu,
Ninonke ngakunye.

3 Mlomo wam uzakuteta
Okukubulumko,
Ngocamango lwentliziyo
Oluse ngqondweni.

4 Ndlebe yam ndotobeyila
Emzekelisweni ;
Intsonkota ndoyivulela
Yona okohadi :

5 Nganina ndoyik' imihla
Eyiye yobubi,
Nobijelo lobugwenxa
Babandibambayo ?

6 Abakolosi ngemfuyo
Nobutyebi babo.
7 Pof' umzalwan' akanako
Yen' ukumkulula

Akana kumnik' u-Tixo
Sicamagushelo.
8 (Kunqabe isikululo
Sowab' umpefumlo,

9 Andizitabati
Inkunzi zenkomo ;
Kwaneze bokwe inkunzi
Es'bayeni sako.

10 'Nyamakaz' zizonke
Zehlabat' zezami,
Kwa namawaka enkomo
Ezisezintaben'.

11 Ndiyazaz' intaka
Zonke ke zentaba ;
Nanto idakasa endle
Lonto ke inam.

12 Ndingekucebisi
Noko ndilambile,
Kuba le-Lam el'miweyo
Nemfezeko yalo.

13 Kon' ibalasele
Eyenkunzi inyama,
Kudla na? Ndil' sel' igazi
Lenkunzi zebokwe ?

14 Binga ku Yehova
Umbulelo wako,
Kosenyangwen' uzalise
Amadinga ako.

15 Undibize ngomhla
Wokukåtazeka,
Ndikuhlangule ke Wena
Uz' undizukise.

16 Kongendaw' u-Tixo
Uteta nay' ati :—
Ukuzeka pina wena
Okungommiselo ?

Uxel' ud' upate
Nomnqopiso Wami ?
17 Uyitiyile nje wena
Intetiso Yami.

Kant' amazwi Ami
Ak' wanyamekeli,
Wawaposa emva kwako
Kub' uwadelile ?

18 Xa ubon' isela,
Ukolana nalo ;
Uze abarexezayo
Wabelane nabo

19 Owako umlomo,
Uyekel' ububi ;
'Lwimi lwako lutungela
Inkohliso yodwa.

20 Ngomzalwana wako
Wahlala umteta ;
Ngalontlond' umnta-kanyoko
Umbek' ehlazweni

21 Ngokungateti nto,
Wakub' usenz' oko.
Ube Nam ndingonje ngawe
Kus' eso similo.

Ngazo ezo zinto
Ndiya kukohlwaya,
Zonke ziya kucwangciswa
Emehlweni ako

22 Kåniqonde oko,
Balibali Tixo,
Hleze ndiqwenge kungeko
Unokuhlangula.

23 Obinq' umbulelo
Uyandizukisa ;
Ati gca nge-Yam indlela
Ndimbonis' uk'sinda.

——o——

*Indumiso LI.*

**51** C.M.

NGOKWENCEBA Yako, Tixo,
Taru ! ndibabale ;
Ngobuninzi benceba,
Cim' ureqo lwami.

2 Kaundixovule kunene
Umkis' ubugwenxa ;
Undihlambulule kanye,
Esonweni sami.

3 Ndiyalwazi ureqo lwami
Kwane sam' isono,
'Maxesh' onke siseloko
Siko pambi kwami.

4 Oku kona ndone ngako
Kunga Kuwe wedwa ;
'Mehlo Ako endibona
Ndenza obububi.

5 Kamb' ongu Tix' umdilizi
Usakukuxwila,
Akudonyule ezweni
Labapilileyo.

6 Obon' oyik' amalunga,
Ati x' ahlekayo:
7 Kånimbon' umf' ongenzanga
U-Tixo igwiba!

Wakòlosa ngobuninzi
Bobutyebi bake;
Wab' ezenz' ingcwangu yena
Yokweyelisela.

8 Mna ndinje ngol'hlaz' umnquma
Endlwini ka-Tixo:
Ngenceb' Ake ndokòlosa
Kude kube nini.

9 Ndiyakubulela Kuwe
Kus' epakadeni;
Kuba Wena ukwenzile
Okundibabala.

Ekubeni igama Lako
Linje ukulunga,
Ebusweni kwabenceba
Ndiya kukutemba.

—o—

*Indumiso LIII.*

**53** C.M.

ISIDENG' entliziywení
Sit' akuko Tixo.
Bonakele, bal'sikizi,
Ngobugqweta babo.

Kona okulungileyo,
Akak' okwenzayo.
2 Ezulwini nank' u-Tixo,
Engoqondeleyo.

Kulenzala ingonyana
Bake u-Adamu;
Akabonwa onengqiqo
Yokufun' u-Tixo.

3 Babuy' umva bepèlele,
Baba yimbòzisa;
Ubulungisa abenziwa,
Nangumnye ongabo.

4 'Basebenzi bobutshinga
Abanakwazi-na?
'Bantu Bam bati bebadla
Bange badl' isonka;

Babe Lowo ungu Tixo
Bengamnquli Yena?
5 Pof' bankwantya benkwantyile,
Bengoyikiswa nto.

Kub' u-Tix' uwate-sa
Amatambo abo;
Badanile kub' u-Tixo
Ebacekisile.

6 Akwaba lovel' e-Tsiyon
'Sizo lo S'rayeli,
Xa bobuy' abokutinjwa
Ebasindisile.

Kokukona wogcotyiswa
Low' ungu Yakobi,
Avuye u-Sirayeli,
Ngokusizwa kwake.

—o—

*Indumiso LIV.*

**54** C.M.

NGOKWEGAMA Lako, Tixo,
Mawundisindise;
Uligweb' ityala lami,
Ngobugora Bako.

2 Nditandaza, Tixo, ndive
Uz' ubek' indlebe;
Emazwini omlomo wam
Undipulapule.

3 Ngokuba abasemzini
Bandipakamele;
Bandisukele pezulu
Ngoburalarume.

Befunana nompefumlo
Ukuwubulala;
Besenziwa kungamisi
'Tixo pambi kwabo.

4 Kok' u-Tixo ungumncedi
Wompefumlo wami;
Ew' i-Nkosi ikwayiyo,
Endisekelayo.

21 Abamlom' ubutelezi
Bufana namasi
Mazw' atanjiswe nge-oli
Pof' ntliziyo imbi.

22 Wulahlel' umtwàlo wako
Kuyè u-Yehova,
Wok' zimasa ulilunga
Angayekeleli.

23 Emnxùnyeni wesihogo
Wobaposa, Tixo,
Abo bantu bamagazi,
Kwana benkohliso.

Abayi kuy' qingatisa
Kwane mihla yabo,
Kodwa mina okukokwam,
Ndokolosa Ngawe.

—o—

*Indumiso LVI.*

## 56 C.M.

NDINGUMZONDWA yonk' imini,
Tixo, ndibabale;
Bantu gcwizi bandiginye,
Sebe ndixinile.

2 Yonk' imini ndilalelwe
Ngabandizondayo;
Bebaninz' abandilwayo,
Bezipakamisa.

3 Mini ndinxungupalayo
Ndokolosa Ngawe,
4 Ngay' u-Tixo ndidumise,
Elizwini Lake.

Ngay' u-Tixo ndokolosa
Ndinge nakoyika
Into anokundenza yona,
Umntu oyinyama.

5 Kupanjàniselw' amazwi
Am imini yonke,
Ezobubi ingcinga zabo,
Zezokundicasa.

6 Ndaweni nye baqukene
Bezi zimezile,
Bandipaul' amanyatelo
Okundibambisa.

7 Azi bosinda na kodwa,
Bengamatshinga nje?
Ngaw' umsindo, Tixo, hlisa,
Hlisa pants' ezizwe.

8 Wabona ndipàlapala,
'Ntsub' izel' inyembez';
Ezont' akuzibàlanga na
Encwadini Yako?

9 Mini ndiyakukubiza
'Ntshaba zobuy' umva
Lento yona ndiyayazi
Yok'b'unam u-Tixo.

10 Ndilidumisa ngo Tixo
Mina eli lizwi;
Ewe, Ngaye u-Yehova
Ndidumisa izwi.

11 Ndikolosa Ngay' u-Tixo
Ndingoyiki luto;
Okokwake umntu yena
Angandenza nina?

12 Izibàmbàtiso Zako
Zipezu kwam, Tixo;
Nemibingo yombulelo,
Kuwe ndoy' zalisa.

13 Kuba Nguw' ow'hlanguleyo
Umpefumlo wami,
Nenyaw' ekungqulekeni,
Ndihambe ebomini.

—o—

*Indumiso LVII.*

## 57 C.M.

NDIBABALE, ndibabale,
Uw' zimeze, Tixo,
'S'tunzini samapikw' Ako
Owam umpefumlo;

Kude kudlule kupele
Okuzinxwaleko;
2 Ndibe mnquli wo-Mongami
Ondifezelayo.

3 Ezulwini wotumela
Ukundisindisa;
Lomzuz' esangcikiva
Lowo ungumzondi.

2 Kwabobutshing' abenzi
Uzundihlangule ;
Nakubantu bamagazi
Uzundisindise.

3 Lompefumlo wam, Yehova,
Nabo baulalele ;
'Mandla abo angqonge,
Kunge ngalureqo.

4 Bagidima bemxôbele,
Onge nabugwenxa ;
Vuka Wena, ud' ubone,
Undikawulele.

5 Pâpâ, Tix' ongu Yehova,
Tixo ka Is'raeli,
'Ntlanga zabanginizayo
Zivelele zonke.

6 Bavungama njengezinja
Ngamaxesh' okuhlwa ;
Bewuhambahambe umzi
Bew' buya-buyela.

7 Kulepûza amagwebu
Ngemilebe yabo,
Mlomo wab' unamarele,
Bati : Kuva bani ?

8 Woz' hleka, Wena Yehova,
Uzigcul' intlanga,
9 'Mandla am olinda Kuwe,
Tixo, ngxonde yami.

10 Wondikaulel' u-Tix' am
Nge Yake inceba ;
Wondalatis' u-Tix' abo
Bandilalelayo.

11 Abakowetu abantu
Msukubabulala,
Bâdulisa bade bawe,
Ngweletshetshe yetu.

12 Esomlom' isono kubo
Ngamazw' emilebe ;
Ratshi, nyeliso, 'kuxoka
Ukuteta kwabo.

13 Emsindwen' uzubatshise
Bagqitywe bapele,
Baqonde kus' empelazwe,
'Tixo Nguy' umlauli.

14 Ngokuhlwa xa bebuyile
Bayaxokozela,
Bavungama njengezinja
Behambahamb' umzi.

15 Batshelezel' ukudla
Okuhla benyuka,
Ukuba bat' abahluta
Bolala kwalapo.

16 Ngamandl' Ako mna ndovuma
Nditsho kwakusasa,
Kuba Wen' ungxonde yamu,
'Ndawo yozimelo.

17 Ndokubetela uhadi
Wena mandla amu,
Kuba Tixo uyingxonde
Uyinceba yamu.

——o——

*Indumiso LX.*

## 60 — C.M.

Tix' ungosihlambileyo
Wasicitacita ;
Nakwingqumbo obunayo,
Nceda usibuyele.

2 Ulinyikimisil' izwe,
Ew' ulirazule ;
Pilisa intanda zalo,
Kuba lishukuma.

3 'Bantu Bak' ubabonise
Int' ezilukuni ;
Usiseze iwayini
Ley' ihexisayo.

4 Ubanika ibanile
Abakoyikayo,
Ukuze bay' pakamise,
Ngenxa yenyaniso.

5 Okokuz' uzihlangule
Ezako intanda,
Ngesok' nen' isandla Sako,
Sindis' upendule.

6 Tix' utet' ebungcweleni
Mandivuyelele :
Ndokwaba wena Shekemu,
Sukot' amenteshwe.

6 Nguy' u-Liwa lam kwapela,
Umsindisi wami
Uyingxonde yam kwapela,
Andishukunyiswa.

7 Kuku Tix' ukusindiswa,
Kwanozuko lwami,
Kum uliw' eliyinqaba
Kwanelam ihlati.

8 Bantu ndini, maxesh' onke,
Kolosani Ngaye,
'Ntliziyo zenu zipalazwe
Pambi Kwak' u-Tixo.

9 'Bon' onyana bal' uluntu
Bangumpùnga mpela,
Manga anganyusi skali,
Kuba bengumpùnga.

10 Musan' ukukolosa :
Ngokudla abantu,
Ningazenzi nto zingento,
Ngokuxàkamfula.

11 Utete u-Tixo nto nye,
Gxebe ndive mbini,
Eyokuba onk' amandla,
Alunge ku Tixo.

13 Inceba yeyay' i-Nkosi yam,
Iyeyako wedwa
Wab' umbuyekez' elowo,
Ngokwezenzo zake.

——o——

*Indumiso LXIII.*

## 63 C.M.

KWAKUSASA ndokufuna,
U-Tixo wam, Tixo ;
Wokunxanel' umpefumlo
Kwizw' elimqwebedu.

2 Ndondel' ukukangela
Engcweleni Kuwe,
Ndiwabon' a-Wak' amandla,
Kwano buqaqauli.

3 Kub' e-Yak' inceb' ilunge
Ngapezu kobomi,
'Mlomo wam wokudumisa,
Ewe, wokuncoma.

4 Ndakubonga ndenjenjalo
Logama ndidl' ubom,
'Zandla zam zipakanyiswe
Egameni Lako.

5 'Mpefumlo, mongo, manqata
Konk' okwam kuhluti :
Ngemileb' yowam umlomo
Ndakumemelela.

6 Ndoba ngoku kumbulayo
Kowam umandlalo
Kweyobusuk' imilindo.
Ndicamange Ngawe.

7 Ngokuba kum uluncedo,
Ndingovuyileyo,
Kwis' tunzi samapik' Ako,
Ndingamemelela.

8 Utene-mbende Nawe,
Owam umpefumlo,
Sandibamb' isandla Sako,
Eso sokunene.

9 Batshabalal' abafuni
Bowam umpefumlo,
Batshone mazants' endawo
Ezize zomhlaba.

10 Bapalazelw' emandleni
Awo amarele,
Babe ngoko sisabelo,
Sazo impungutye.

11 Ngoko Yena ukumkani
Wovuya ngo Tixo :
Baya kuqàyisa bonke
Abafunga Yena.

——o——

*Indumiso LXIV.*

## 64 C.M.

IZWI lami, Tixo, live,
Xa ndikalazayo
Ekoyikiswen' lutshaba
Londoloz' ubom bam.

2 Begqugula benobubi
Zundisitelise,
Kwabenz' ubumenemene
Belihlokondiba.

13 Amadlelo-ke anxibe,
Mihlambi yankomo
'Ntili zambêt' inqolowa,
'Nto yonk' iyaduma.

——o——

*Indumiso LXVI.*

## 66 C.M.

DUMANI ku-Tixo, mhlaba:
2 Betelan' uhadi
Uźuko lwegama Lake
Nimbonga niduma

3 Kuy' u-Tixo ke yitini,
Hay' ukoyikeka!
Buninzi zenzo, mandl' Ako
Zokohlis' intshaba.

4 Uyakuqubuda Kuwe
Wonke-ke umhlaba
Bakubetel' uhadi
Ngokwegama Lako.

6 Imisebenzi ka-Tixo,
Bonan' ubukulu
Ekwenzen' uyoyikeka
Konyana boluntu.

6 Waluguqula ulwandle
Lwanto yomileyo
Wawelwa ngenyaw' umlambo
Savuy' apo Ngaye.

7 Kwakade, umlaul' gora
Mehl' Ak' abukali.
Nina ntlanga nenjubaqa
Ningazipakamisi.

8 Zizwe, mbongen' u-Tixo,
Izwi livakale
9 Empefumlwen' umis' ubom
Kungatyityilikwa.

10 Ngoko nyibiliko silver,
Usicikidile:
11 Ekubonweni singena
Sicinezekile.

12 Bantu basikwel' ez'ntloko;
Kwamlilo, kwa manzi,
Was'kupela singen' apo
Kwindaw' enendyebo

13 Kwe Yako indlu ndongena
Ndinaw' amadini
Ze ezam iz'bâmbâtiso
Zizaliswe Kuwe.

14 Eyomlom' am imilebe
Yazivulekela,
Izitetela ngomlomo
Ndibandezekile.

15 Ezityebiley' imvana
Zonyus' amadini
Awegusha, nkomo, bokwe,
Oqûma ngakunye

16 Boyiki Tixo, kânize
Ndinityele nive
Oko awenzele kona
Owam umpefumlo.

17 Ngomlomo ndadanduluka
Kuy' owam u-Tixo
Kwaza pantsi kolwimi lwami
Kwapum' izibongo.

18 Xa ndifihl' okusisono,
Entliziyweni yam
Unakany' oyi-Nkosi kum
Andipula pule.

19 Noko, Tixo, yeka nditi,
'Zuwupulapule,
Uwabazel' e-Yak' indlebe
Owam umtandazo.

20 Makabongwe ke u-Tixo,
Ongandigxotanga.
Koko ube nobubele
Ngomtandazo wami.

——o——

*Indumiso LXVII.*

## 67 S.M.

YENZA ububele,
Usisikelele,
Kâzimlis' ubuso Bako,
Pezu kwetu, Nkosi,

2 Uze uv' umhlaba
Ndlela Yak' uyazi
Ziti zonk' intlanga zawo
Zaziswe usindiso.

16 Niyigxeleshela nina,
Ntaba zinencopo?
Ntab' u-Tixo ay' nqwenela
Ukuhlala kuyo.

Woyilahla u-Yehova
Kus' epakadeni,
17 'Nqwelo zokulwa zo-Tixo
Mawak' ezigidi;

Ilw' i-Nkos' ihleli kuzo
Kwi Sinay' engcwele,
18 Ukunyuk' iye pezulu,
Itemb' abatinjwa.

Uzitabatil' isipo
Bantwin' nenjubaqa,
'Ze u-Yehova u-Tixo
Hlale eko kubo.

19 Mayibongwe ke i-Nkosi
Um-Sindisi wetu,
Etwal' imitwalo yetu
Imihla ngemihla.

20 'Tixo kuti ungu-Tixo
Walo usindiso:
Ukukupa ekufeni
Kokuka-Yehova.

21 Kodwa woy' palus' u-Tixo
Eyotshab' intloko,
Nek'b' ihamba nesihlwita
Sazo izigqito.

22 Ndoy' busa-itsh' i-Nkosi
Kwakona i-Bashan
Nazw' intshaba ndoz' buyisa
Kwinzulu zolwandle.

23 Ukuze unyawo lwako
Lupalus' igazi;
Nolwimi lwezinja zako
Lube nesabelo.

24 Bakubon' ukunyatela
Kwako Wena Tixo,
Kumkan' osebungcweleni
'Kunyatela Kwake.

25 Ngabavumi ngapambili
Ngemva ngabohadi;
Emacaleni zintombi
Ezibet' ingqongqo.

26 Emabandlen' u-Tixo
Ungowokubongwa,
Nina ke base mtonjeni
Wakwa Sirayeli.

27 Balapo o-Benjamini
Inci engumpati,
Hlokondiba lab' u-Yuda
Lingabateteli.

Nab' abakwa Zebuloni
Ikwabateteli,
Kwanabakwa Nafetali
Bengabateteli.

28 'Tixo wako wowisela
'Mteto wokuqina,
Wena ke kuqinisele
Ok' usenzelayo.

29 'Tempil' Ako yongamile
E-Yerusalem,
Boza kuy' okumkan'
Nezitåbatåba.

30 Kålimela amaramncwa
Ase ngcongolweni,
Ezimbalasan' inkunzi
Namatol' ezizwe.

Izijungqe ze silvere
Baze kuzi wisa,
'Zizwe zitanday' imfazwe
Sezibångisiwe,

31 E-Yeputa amanono
Akuvela kona,
Ku-Tix' olulele msinya
Izandla zak' u-Kush'.

32 Zikumkani zaw' umhlaba,
Vumani ku-Tixo,
Inkosi niyibetele
Eyohad' ingoma.

33 Kuy' ocandis' ukukwêla
Kumazul' ezulu,
Amazul' aw' amanyange,
Nank' ekupa izwi.

34 Muniken' amandl' u-Tixo
Ab' ubungangamsha,
Mandl' as' isibåkabåka
Pez' ko-Sirayeli.

21 Ukundidlis' ukudla
Bandinik' inyongo;
Ukundiseza inxano
Bandip' i-asine.

22 'Siteb sipambi kwabo
Masibe ngumgibe;
Ize kwabo bane-masi,
Sibe sirintyelo.

23 Mehlo abo mabe mnyama
Baze bangaboni;
Maxesh' onk' isinqe sabo
Sigxadazeliswe.

24 Wena maubapâlazele
Ubâvumo Lwako,
Nomsind' Ako ubafikele
Ngokuvuta kwawo.

25 Makuti kwingqili yabo
Kube senkangala;
Nakuzo intente zabo
Kungahlali bani.

26 Kuba lowo ubetwe Nguwe
Esukelwa ngabo;
Bancokole ngomvandedwa
Wak' ohlatywe Nguwe.

27 Yongez' ubugwenxa babo
Pezu kongwenxa,
Bangabi nak' ukungena
Ebulungiseni.

28 Benza bacinywe kupele
Kwincwadi yobomi
Baze nakwe yamalunga
Bangabâlwa kuyo.

29 Olundim-ke usizana,
Luna lo-mvandedwa,
Maluzise engxondweni
Yosindiso Lwako.

30 Tixo! ndodumis' igama Lako
Ngako ukuvuma
Ize ndenze umbulelo
Wokulikulisa.

31 Ku-Yehova kokoleka
Oku ngapezulu,
Kunankunzi ntsha zenkomo
Zimpondo, zimpupû.

32 Babonil' abalulami
Baza-ke bavuya,
Nani bamfunay' u-Tixo
Pilan' ngentliziyo.

33 Amahlwempu ayaviwa
Nguye u-Yehova
Abaze badelwe Nguye
Aba banjwa Bake.

34 Zulu, mhlaba, lwandle!
Dumisani Yena
Nezinambuzane zonke
Zihleliyo kuni.

35 Kuba i-Tsiyon yona
Woy' sindis' u-Tixo
Izixeko zakwa Yuda
Azakè, zimiwe.

36 'Mbewu yaba konzi Bake
Iz' idle ilifa;
Abatandi gama Lake
Bahlaliswe kulo.

—o—

## 70 *Indumiso LXX.* S.M.

YEHOVA, kauleza
Yiz' undihlangule
2 Abafun' umpefumlo wam
Badane zintloni.

Nabo abananze
Ndihlelwe bububi;
3 Bavuzw' udano nehlazo
Abati kum, "Tshotsho."

4 Kodwa imihlali,
Kwanak' ukuvuya
Makuhlale nabo bati:
"Mazukisw' u-Tixo.

5 Mna ndilusizana,
Yiba Mncedi
Msindisi kum,
Kauleza, Yehova.

22 Ngaw' umrubè ndobulela
Eyak' inyaniso ;
Ndimbetel' uhad' u-Tixo
'Ngcwele ka Sirayel'.

23 'Mlomo wam ndibet' uhadi
Wob' umemelela
Ngokunjalo nompefumlo
Owukululeyo.

24 'Mini yonk' ulwimi lwam
Loxel' ub' lungisa
Benentloni bakudana
'Babefun' bubi.

——o——

*Indumiso LXXII.*

**72** C.M.

UKUMKANI, Tixo, mnike
Imigwebo Yako
Nyana wokumkani umnike
'Bulungisa Bako.

2 Ebantwini makagwebe
Ngokobulungisa
Kwintsizana, ngentsizana
Ngokwesiko Lako.

3 'Ntaba mazibatwalele
Abantu uxolo,
Induli zibatwalele
Okubulungisa.

4 'Ntsizana maz' ebantwini,
'Tyala laz' al' gwebe
Uk' siz' onyana atyumze
Nomcudisi hlwempu.

5 'Langa nenyanga ziseko
Zizukulwan' zoyike.
6 Pezu kotyan' emhlabeni,
Mehle eyimvula.

7 'Lungisa malityatyambe
Emihleni yake,
Kwanobuninzi boxolo
Id' ipel' inyanga.

8 Makabupat' ubukosi
Kwilwandle ngelwandle,
Etâbatela emlanjeni
Oyimpela mhlaba.

9 Bemi belo limqwebedu,
Mabaguqe kuye,
Ize zonk' intshaba zake
Zikote utuli.

10 Okumkani be Tarshishe
Kwanabeziqiti
Eyeyab' iminikelo,
Boyizisa kuye.

Okumkani bakwa Sheba
Kwanabakwa Seba,
Baya kusondeza kuye
Isitabataba.

11 Bonk' okumkani bomhlaba
Boqubuda kuye,
'Ntlanga zomhlaba zipela
Mazimkonze zonke.

12 Kuba wohlangul' ihlwempu
Elo lozibika,
Asindise intsizana
Abange namncedi

13 Amahlwempu asweleyo
Wowenzel' inceba,
Az' imipefumlo yawo
Ay' sindise yona.

14 Woy' kulul' imipefumlo
Exinezelweyo.
Linqabil' igazi lawo
Emehlweni ake.

15 Igolide yakwa Sheba
Wopila ay' nikwe,
Bahlale bemtandazela
'Ze bamsikelele.

16 Inqòlowa elizweni
Yobako ibeko,
Yob' encotsheni zentaba
Iyintabalala.

17 Gama lake lingapeli
Kuvel' amagatya,
Lisikelelwe ziz' intlanga
Ziti, unoyolo.

18 U-Yehova makabongwe
U-Tixo ka-S'rayel',
Menzi-misebenz' eyodwa
Ngokubaluleka.

21 Ibidelekil' intliziyo
Zhlabeka izintso
22 Ndoba siso is'tyakala
Nas' isilo Kuwe.

23 Mna-ke ndihlala ndi-Nawe
Ndibanjwe nge sandla,
24 Ngecebo wot' undikape
Ndibe ngono zuko.

25 Inge-Nguwe ezulwini
Ndinabani wumbi?
Andinanze nto yamhlaba
Ingapandle Kwako.

26 Inyama vam ingapela
Kwanay' intliziyo,
'Tix' uliwa lentliziyo
Nesam' isabelo.

27 Bon' abo bakude Kuwe
Yabona bodaka
Bonk' abo bahenyuzayo
Uyababangisa.

28 Ukusondela ku-Tixo
Kum kulungile
Ndiyenz' ihlat' i-Nkosi yam
Ndize ndibalise.

——o——

*Indumiso LXXIV.*

## 74 C.M.

YININ' usilahle, Tixo,
Kube napakade?
Ums' uligqume ngomsindo
'Dlelo lemvu Zako?

2 Bandla Lako likumbule,
Owalitengayo
Lenziwe kwasendaleni
Sizwe sefa Lako,

Nentaba eyi-Tsiyone
Ley' uhleli kuyo.
3 Pakamis' ukunyatela.
Uy' emanxuweni,

'Tshaba luviv' into yonke,
Lway' hlambel' ingcwele.
4 Kwindawo yokuhlangana
Kubarul' intshaba

Pakat' imiqondis' ekoyo
Seyimiswe lulo.
5 Key' fane ngat' kungenelwe
Ntshinyela yemiti.

Ngezixengxe zamazembe
Kwana ngengxobonga,
6 Kwiz' hombo zayo zoqoqo
Zicandwe ngezembe.

Ingcwele Yako ihlanjelwe
Bayifak' umlilo,
7 Bawuwisela emhlaben'
'Mnquba wegama Lako.

8 'Zintliziyweni zabo bati,
Boz' nyanzela pantsi,
Ezi zika Tix' indawo
Ezi zok' hlangana.

Bazitshisile ke zona
Ezwen' apa lonke
Ezondawo zesikungu,
Zize zako Tixo.

9 'Miqondiso yomprofeti
Ayibonwa iko.
Az' okubanje kosa pina
Kut' akuko kwazi?

10 Kunin' umbandezeli
Engcikiva, Tixo.
Kwanakut' igama Lako,
Lugitywe lutshaba.

11 Usifinyezele'nina
Esok' nene Sako?
Bet' utshaba ulugqibe:
Sirole es' fubeni.

12 U-Tixo kum ngu-Kumkani
Kwakuse kudala
Ngulosebenz' usindiso
Pakati kwomhlaba.

13 Nguw' owahlul' ulwandle,
Nga Wako amandla
Emanzin' ntloko zengwenya
Uzapule apo.

14 Umaxàx' intloko Nguwe
Ezo ze Liviatan,
Wazinika zakukudla
Babant' bomqwebedu.

*Indumiso LXXVI.*

**76** C.M.

KWA YUDA no Sirayeli
Tix' umkul' igama,
2 'Mquba Wak' use-Salem
Kaya lise-Tsiyon.

3 Apo wapul' imibane
Iyeyesapeta,
'Ngweletshetshe, nal' irele
Nez' xòbo zemfazwe.

4 Ukanya eyi ngangamsha,
Kunazo intaba,
Ezo zokqwenga zona,
Nokubalasela.

5 Mbâlasane ngentliziyo,
Babûnyulwe bona,
Banomlala kany' izandla,
Bapulw' uburoti.

6 Ekukalimeni Kwako,
Tixo ka Yakobi,
'Ngwelo zokulwa, 'mahashe,
zasindwa butongo.

7 Ungu Wena moyikeki :
Kungema banina.
Pambi Kwako xa sukuba
Ute wanomsindo?

8 Ezulwin' uvakalise
Isigwebo Sako
Waza woyika umhlaba
Landul' ukuzola,

9 Ekusukeni ko-Tixo
Ukuba agwebe
Basindisw' abalulami
Bonke abomhlaba.

10 Ubushushu bomntu Kuye
Boba ngumbulelo
Wowabinq' amasalelo
Nab' obo bushushu.

11 'Bambâtiso ku-Yehova
Mazizaliswe,
Nina bangqongi zisani
Ku-Moyikw' izipo.

12 Yena wonquml' ukufutà
Kwabo bazinganga
Nako Kumkani bomhlaba
Nguye u-Moyikwa.

——o——

*Indumiso LXXVII.*

**77** C.M.

IZWI lami lisingisa
Sikala ku-Tixo
Ndisingisa Kuy' u-Tixo
Ndisiti mandive.

2 Ngomhla wokubandezelwa
Ndiquqel' i-Nkosi;
Ebusuku isandla sam
Singayekeleli.

Awututuzelekanga
Umpefumlo wami
3 Ndimcinga ndincwin' u-Tixo
Utyafil' umoya.

4 Kubambeke mehl' inkope,
Ndinge nakuteta,
5 Ndicinga ngeyamandulo
'Minyaka yanini.

6 Ndikukumbul' ebusuku
Xa ndibet' uhadi,
Nditetana nentliziyo
Ndiw' picot' umoya.

7 Ndide ndati, Yolahla-na
Kube napakade?
Ingabi sapind' ipate
Inkosi ngetaru.

8 Yapel' inceba Yayo-na
Kwisitembiso,?
Kwisizukulwana Sayo
Ngesizukulwana?

9 Tixo, ukulibele-na
Ukut' ubabele?
Uvingcele ngomsindo-na
Eyak' imfesane?

10 Mva ndite: Esi sifo sam,
Minyaka ye sandla
Sokunene Sako Lowo
Osenyangwaneni.

11 'Zenzo Zake zincamiso
Bona baz'libala,
Nezibalulekileyo
Abazibonayo.

12 Wenza pambi koyise
Ngokuncomisayo
Kwilizwe lama Yiputa
Kumhlaba we Tsohan.

13 Waludabul' ulwandle
Waza wabaweza,
Waz' amanzi wawamisa
Aba njenge mfumba.*

14 Emini-ke wabakàpa
Ngomqulu welifu
Kwa kukukanya komlilo
Ubusuku bonke.

15 Walicand' ilizwe entlango
Kwapuma kakulu
Amanz' anzongonzongo
Evel' enzulwini.

16 Miqukuqela yamanzi
Waba velisela
Impompoza kwingxondora
Njengay' imilambo.

17 Baqokela ukumona
Futi bempikisa
Kwelo lingumqwebend' izwe
Low' Osenyangweni.

18 Baza ngentliziyo yabo
Bamlinga u-Tixo,
Bewubuzel' ukudla
Umpefumlo wabo.

19 Ngo-Tixo bateta bati,
Unakon' u-Tixo
Kwindawo enjengentlango
Andlal' isitebe.

20 Kulapo wabet' iliwa
Abalek' amanzi,
Konapô imilanyana
Yayi mikùkùla.

Hi! nge sonka woba nako
Son' ukuba nika?
Hi! abantu Bak' inyama
Uk' balungisela.

21 Ekuvil' oku u-Tixo
Wavula ngumsindo,
Kwa-Yakobi kwatsh' umlilo
Nomsindo kwa S'rayel':

22 Kuba bengamkolelwanga
Yena Tixo kubo;
Ewe, bengakolo sanga
Ngosindiso Lwake.

23 Wawisela umteto
Inqgimba zamafu
Ngapezulu wavulela
Ingcango zezulu.

24 Wabanisela nge Mana
Ukuze bayidle
Ebanika inqòlowa
Eyase zulwini.

25 Umntu watya kus' wonke
Esika Somandla
Obatumela umpako
Badle ubadike.

26 Wandulul' empumalanga
Umoya wezulu,
Wauqùba ngamandl' Ake
Umoya wom-zantsi.

27 'Nyam' uyinis' okotuli
'Ntaka z'namapiko
Zibe njengay' intlabati
Eyolwandle yona.

28 Zawa nxa zonk' emakaya
Kwiminquba yabo

29 Batya bahluta kakulu
Ngokomnqweno wabo.

30 Ungekadambi lomnqweno
Bengaba satyayo,

31 Kwenyuk' umsindo ka-Tixo
Unyukela kubo;

Abatyebileyo babo
Babulawa Nguwe.
'Madod' akwa Sirayeli
Wawa wisa wona.

32 Nok' ukon' abaye kanga
Kuyo yonke lonto
Abay' kolw' imisebenzi
Ibalulekile.

60 Ngenxa yoko wawulahla
Umqub' ose Shilo,
Uyintent' abeyimisa
Esintwini eso.

61 Wawanikel' ek'tinjweni
Abang' amandl' ake
Kwesombandezel' isandla
Isihomba sake.

62 Waba vingcela ngerele
Abake abantu
'Msind' Ake wapûpûmela
Elifeni Lake.

63 Abamedodana kubo
Badliwa ngumlilo;
Baz' abazintombazana
Abanonelelwa.

64 Benzeleli babo
Bawa kwangerele
Abenzelwa nasililo
Ngaba hlolokazi.

65 Kwâpûpû yavuk' i-Nkosi
Njengay' obelele
Ngokwe gora lomelele
Lisezwe iwayin'.

66 Yababeta ingasemva
Ababandezeli
Yabenza bayingcikiva
Engunapakade.

67 Yayicekisa intente
Eyakwa Yosefu,
Ayasinyula isizwe
Esakwa Efrayim.

68 Yaza yanyula isizwe
Esa kwa Yuda
Neyase-Tsiyon intaba
Iyetandekayo.

69 Wayakâ ingcwele Yake
Yebotwe lezulu
Yangumhlab' osekiweyo
Kube napakade.

70 U-David' umkonzi Wayo
Womenza umnyulwa
Emtabatê ezibayeni
Ezizeze zimvu.

71 Yamtabata elandela
Ezozanyisayo
Ze alus' ilifa Layo
Ku Yakobi ka Sirayel.'

72 Waluso ngendla
Yentliziyo Yake
Ngokukwaz' Kwezandla Zake
Wadikapa Kona.

——o——

*Indumiso LXXIX.*

## 79 C.M.

TIXO, elifeni Lako
Zingen' intlanga;
'Tempile ziyenz' inqambi,
Yerus'lem emwewe.

2 'Zidumbu zabanz' Bako
Zidliwa zintaka;
Abenceb' Ako, yinyama
Kumaramncw' elizwe,

3 'Gazi labo njengamanzi
Zilipalazile,
Ngenxa zonk' e-Yerusalem
Akak' amancwaba.

4 Ebamelwaneni betu
Senziw' ingcikivo
Is' gculelo, cukucezo,
Kwaba ngqongileyo.

5 Kunini-na O! Yehova
Uhlel' uqumbile?
Lovut' e-Lak' ikwele-na
Njengawo umlilo?

6 Palaz' ub' shush' entlangeni
Ezingakwaziyo,
Ezo zinganquliyo
Kwe Lakò igama.

7 Nangokuti u-Yakob' lo
Zenjenje ukumdla
Nangokud' ikaya lake
Libe manxuw' anje.

8 Obamanyang' ubugwenxa
Bulibale kuti,
Kaulezisa imfesane
Ikaulel' intsweli.

15 Esok' nenê Sak' isandla,
Int' esiyityeleyo,
'Gatya lozimaso Lako
Yipê ukuselo.

16 'Mlil' uwutshisil' umdiliya,
Ewe, uhlahliwe,
Ntsonge'o zobadakisa,
Zo-Bak' ubuso.

17 Pez' komfo wesokunene,
Bek' e-Sak' isandla,
Pezu konyana ka-Adam
Ote wamzinzisa.

18 Kuwe ngoko asikumka,
Wena sipilise,
Kokon' e-Lako igama
Siyakulinqula.

19 Tixo wemikos' Yehova,
Mawusibuyise
Ngobuso Bako bengezela
Ize sisindiswe.

——o——

*Indumiso LXXXI.*

**81** C.M.

MEMELELANI ku-Tixo
Oligwiba letu,
Nidume Kuye u-Tixo,
Lowo ka Yakobi.

Hlabelani ke ingoma
Nibete ingqongqo;
Nangohadi olumnandi,
Kwakunye nomrube.

3 Vutelani isigodlo,
Yakutwas' inyanga;
Nakuhlanganeni Kwayo,
Mhla womtendeleko.

4 Kuba lowo ngummiselo
Wakwa Sirayeli,
'Siko elo lika Tixo,
Lowo ka Yakobi.

5 Sinqiniso esamiswa
Nguye kwa Yosefu,
'Mihla izwe walicanda,
Elo le Yiputa.

Kulapo ndaviswa nteto
Endingayaziyo.

6 'Gxalabeni lake umtwalo
Endawususayo.

'Zandla zake ndazisusa
Kutwalen' ingoboz'

7 Kwingxingongo wamemeza
Ndaza ndamhlangula;

Esiteni lendudumo
Ndapendula wena,
Ndango kuvavanyeleyo,
'Manzin' e-Meriba.

8 Ndati: Bantu Bam, yivani,
Ndiqonononondise:
Akwaba ndlu ka-Sirayeli
Ungepulapula.

9 Owasemzin' u-Tixo kun'
Mangak' abeko;
Kutixo woluny' uhlanga,
Ze ningaqubudi.

10 Ndim Yehova okunyuse
Kwizwe le-Yiputa;
Kawuwu kamis' umlomo
Wako ndiw' zalise.

11 'Bantu bam ke abaliva
Eli izwi lami.
Kwano-Sirayel' umnyulwa,
Akandivumanga.

12 Ndabayek' ebunqoleni
Bentliziyo zabo;
Bahamba ngamacebo.
Amaqinga abo.

13 Akwaba abantu bami
Gxebe bebendiva;
Ehamba u-Sirayeli
Nge Yami indlela.

14 Benda kuzitoba msinya,
'Ezabo intshaba,
'Sandla Sam sibabuyele
'Bacudisi babo.

15 Abatiyi bo-Yehova
Bohanahanisa,
Kanti loba napakade,
Elabo ixesha.

28 Ndomgcinel' e-Yam inceba
Kube napakade,
Ize o-Wam umnqopiso
Unyanise Kuye.

29 Ndiyimis' imbewu yake
Kus' epakadeni
Iz' itron' yak' ifanise
Eyezul' imihla.

30 Ekutin' onyana bake
Baulahl' umyolelo ;
Masik' Am kwanezigwebo
Bangahambi ngazo ;

31 Bay' hlambel' imimiselo
'Miteto abay' gcina,
32 Oloreqo ndel' velela
Ngentonga ngem' vumbo.

33 Kuye nok' andikwapula
Inceba Yami yona,
'Ze ko-Kwam ukutembeka
Ndingabi lixoki.

34 Andiyi kuwuhlambela
Owam umnqopiso,
Ndiyijike int' epume
Kuw' Owam umlomo.

35 Ubungcwele bam kwakanye
Ndibufunge ndati :
U-Davide ngokuyinene
Andikumxokisa.

36 'Mbew' yake ngonapakade
Yoseloko iko :
Njengelang' itrone yake
Yoba pambi Kwami.

37 Yoqinisek' okwenyanga,
Ibe napakade,
Ize es' bâka bakeni
Inqin' uk' tembeka.

38 Wena-ke kodw' umhlambile
Ew' umcekisile
Ngomsindo umpupumele
Owak' umtanjiswa.

39 'Mnqopiso kumkonzi Wako
Ute-nete nguwo,
Emhlaben' is'tsaba sake
Wen' usidyobile,

40 Zonk' intango ezo zake
Uzityobozile,
Waza naz' inqaba zake
Wazenz' amanxuwa.

41 Bahambi badlul' indlela,
Bonke bayampanga,
Nabamelwana bamenza
Into yongcikivo.

42 Simpakamel' esok' nene,
Songumbandezeli,
Nabo bazintshaba zake,
Ubavuyisile.

43 'Hlangoti lwerele lake
Ulubuyisile,
Waza wapez' ukum-misa,
Nakuyo imfazwe.

44 Nenkazimlo abenayo,
Kuyo umsusile,
Emhlaben' itrone yake,
Nay' uyikahlele.

45 Eyobutsh' imihla yake
Uyinqumlele,
Waza wamti-wambu yena
Ngako ukudana.

46 Yehova, koba ninina
Uzizimezile
Ngobushushu buya uze,
Utshi' okomlilo ?

47 Kunqamka kwam kukumbule
Into okuyiyo.
Badalelwe ni o-Nyana
Bo-Adam bengento?

48 'Ndod' ehleliyo ipina
Engasoze ife ;
Neyosindis' umpefumlo
'Sandleni sabafi.

49 Nkosi yam, zipin' inceba
Ezanga pambili
Zon' u-David' wamfungela,
Ngotembeko Lwako ?

50 Ndatwal' ukungcikiveka,
Nkosi yam, kumbula,
Kwezizwe zonk' ezininzi
Ngesam isifuba.

4 Ndibalelwa kwabo bahla
Baye emhadini,
Ndisuke ndamfo ufana
Nongenaw' amandla.

5 Sendimlahlelwa kwiqela
Labo bafileyo
Ndimfananye nombulawa
Olel' encwâbeni.

Sendifanekiswa nabo
Ubalibeleyo
Abo sebanqunyulwayo
Esandleni Sako.

6 Nasemhadin' ndibalelwa
Lowo ungapantsi
Kwezona ndawo zimnyama
Ezizezinzulu.

7 Nobushushu Bako baye
Bundishicilele;
Onk' amaz' anditobele
Lawo alwayo kanye.

8 Nabo endazana nabo
Ubashenxisele kude,
Undenz' isikizi kubo
Kupuma ndixakwe.

9 'Ngcinezel' inje, Yehova,
Liyapel iliso,
Yonk' imini ndimemeza
Ndingolul' izândla.

10 'Misebenz' yobaluleko
Yonzelw' abafi-na?
Kovuka-na umbulelo
Kwaba zitunzela?

11 'Nceba Yako ibaliswa
Ngose ncwabeni-na?
Okwako n' ukunyanisa
Kowe nzonzobila?

12 Yaziswa-na emnyameni
Le m' sebenz' iyodwa?
Zweni lokulibala-na
Bak' ubulungisa?

13 Ngoko ke ndingozibika,
Yehova, mna Kuwe;
Nomtandazo wam kusasa,
Ukuhlangabeze.

14 Umpefumlo wam, Yehova,
Uw'hlambela nina;
Buso Bako busitela
Kumi ngakuni-na?

15 Ndintw' ilusizin' efayo
Kwandise mncinane,
Nditwel Ezak' izotuso
Kanye lindiyile

16 Kugqiteke pezu kwam
Ukuvuta Kwako;
Zidandatekiso Zako
Zindibângisile.

17 Zindiraule ngokwomanzi
Imini le yonke
Mpela, ziwuzunguleze
Ziw' jikelezile.

18 Onditanday' umsusile
Kwanobe nguwetu;
Makolwan' ashenxe kude,
Kum sitokotoko.

——o——

*Indumiso. LXXXIX.*

## 89 C.M.

1 KUDE kus' epakadeni
Ndovum' u-Yehova:
'Nceba, notembeko Lwako
Waziwe zizamva.

2 Sendite, Yakeka nceba
Kus' epakadeni,
Azinziswe amazulu
Koko kutembeka.

3 Yen' ute, Ndenz' umnqopiso
Nay' umnyulwa wam,
Ndimfungel' u-Davide
Osicaka Sami.

4 'Mbewu yako ndoyimisa
Kuy' epakadeni;
Ize kwizizukulwana
'Tron' yako ndiyake.

5 'Mazul' abulel' imsebenzi
Ka-Yehov' eyodwa,
Nokutembek' ebandleni
Lako elingcwele.

*Indumiso LXXXV.*

**85** C.M.

WABUNETARU Yehova
Kwe Lako ilizwe,
Batinjwa baka-Yakobi
Wen' ubabuyisa.

2 Bugwenxa babantu Bako
Wen' ubuxolela
Nazo zonk' izono zabo
Ubuziselela.

3 'Msindo Wak' uwufinyeza,
Ekupupumeni,
Kulo ngqumbo yokuvuta,
Wenza ibuyambo.

4 Tixo msindisi wetu,
Kawusibuyise
Mayinqamk' ingqumb' enkulu,
Kuti uyisuse.

5 Koba-na-ngunapakade
Usasiqumbele ?
Lomsindo wowolulela
Kwizizukulwa-na ?

6 Akukuti-na ubuye
Usipilisile,
'Ze bati abantu Bako
Ngawe-na bavuye ?

7 'Nceba Yako, sibonise
Tin' aba Yehova,
Uz' usindiso usipe
Olo lulo Lwako.

8 Make ndiv' okuyinteto
Yak' u-Yehova :
Hayi, woteta okoxolo
Ebantwini Bake.

Ngoko abo benceb' Ake
Babuy' ek' nyabeni
9 Kuba usindiso Lwake
Nene lusondele ;

Kwabo ke bamoyikayo
Koko baqinise
Ukuze luzinz' uzuko
Kwelakowet' izwe.

10 Koti inceba nenyaniso
Ziqubisane ke ;
Ubulungisa noxolo,
Kuze ke kwangane.

11 Inyaniso ke yontshula
Apa emhlabeni.
Buqondel' ubulungisa
Nobuse zulwini.

12 U-Yehova kananjalo
Wosipa okuhle
Nezwe let' indyebo yalo
Nayo asinike.

13 Kohamb' ebusweni Bake
Okubulungisa
Ngentliziyo buyigqale
Eye Yak' indlela

——o——

*Indumiso LXXXVI.*

**86** C.M.

NDITOBEI ' e-Yak' indlebe,
Yehov', upendule,
Kuba ndilul' usizana
Kwanal' ihlwempu.

2 Umpefumlo ndigcinele
Endingo wenceba
Tixo wamu umsindise
L' ukolose Ngawe.

3 Nkosi yami, ndibabale,
Ndimemeza Kuwe ;
Ndimemez' imini yonke
Inceb' undenzele.

4 Umpefumlo wuvuyise
Wo-Wako umkonzi
Ke, ndiwupakamisele
Kuwe, yam i-Nkosi.

5 Kuba ulungile Wena,
Nkos' am uxolela,
Bonke ubenzel' inceba
Abanqula Wena.

6 Umtandazo wam, Yehova,
Wubekel' indlebe
'Zwi lam lokutaruzisa
Libazel' indlebe.

51 Yehova, intshaba Zako
Ezingcikivayo,
Zazipet' amanyatelo
Omtanjiswa Wako.

52 Makabongwe, makabongwe
Low' ungu Yehova,
Kuse kuw' amapakade.
Amen, kube Amen.

——o——

*Indumiso XC.*

## 90 C.M.

NKOSI YAM, kut' ulikaya
Kwizizukulwana.
2 Ntaba, mhlab' ungekazalwa
Sel' u-Tixo kade.

3 Umntu yen' umbuyisela
Kwase lutulini,
Wabe kuy' uti : Bonyana
Bo-Adam, buyani!

4 Kuba kwa-Wak' amehlo,
'Minyak' iliwaka
Ifana nemin' yezolo
Okway' ukudlula.

5 Bakůkuliswa belele:
Njengomso bahlume.
Timbilili ngokotyani
Ize batyatyambe.

6 Okutyatyamba kwengomso,
Bebute bahluma,
Ekuhlwen' kwemini leyo
Bomel' ukusikwa.

7 Siyapela ngokunjalo
Ngo Wako umsindo;
'Ze but' ubushushu Bako
Sikwanqiswe bubo.

8 Ububeke pambi Kwako
Ubugwenxa betu,
Nobo sibufihlileyo
Bumehlweni Ako.

9 Iyesangeney' imihla
Leyo iyeyetu,
Ifinyezwa kupupuma
Ko Wak' umsindo.

10 'Mihl' etu iyiminyaka
Mashum' asixenxe,
Ize ing' iyagabadela
X' imashum' as' bozo,

Labe neqåviya layo
Lingento yaluto;
Ikwapuka nokaulezo
Lopåpazel' emke.

11 Az' amandl' omsind' Ako
Aziwa banina?
Ngòkugůgůma kwawo
Umel' ukoyikwa.

12 Sazise kany' ukuy' bala
Eyetu mihla,
Kon' intliziyo yozuza
Oku kukulumka.

13 Yehova, kawubuye,
Koda kube nini?
Ngenxa yabakonzi Bako
Ube uzohlwaye.

14 Kwakusasa sihlutise
Nge Zako inceba;
Kuvuya simemelele
Yonk' eyet' imihla.

15 Sivuyise ngangemihla
Yokubandezelwa,
Nga ngeminyak' esabona
Okuvis' ububi.

16 Ibonakal' imisebenzi
Kubakonzi Bako,
Uze nase bantwaneni
Ube nganga yabo.

17 Ubumnandi bo-Yehova
Mabube pez' kwetu,
Zenzo zaz' ezet' izandla
Azimase zona.

——o——

*Indumiso XCI.*

## 91 C.M.

MHLAL' ohleli esiteni
Lak' Osenyangweni,
Wozilalis' emtunzini
Lowo ka Somandla.

7 X'origendaw' adubuleyo
Efanis' umfuno;
X' etyatyamba amatshinga
Kuza kwesipelo.

8 Ungopezulu, Yehova,
Kus' epakadeni,
9 'Ntshaba Zako zobânga,
'Matshing' ati-sa.

10 Njengo lwenqu upondo lwam
Wolupakamisa,
Ize ndigalelw' i-oli
Nayo ibe yentsha.

11 'Liso lam liyababona
Abalalela mna;
Indlebe yam iyabeva
'Basukel' bobubi.

12 Malungisa odubula
Afanis' isundu,
Njengom-sedare okula
Owe-Lebanoni.

13 Kot' okôna anezimvi.
Ay' eman' ehluma,
Ukutyeba okugcina,
Obuqâm' uhlaza.

14 Kon' ukuz' axel' ukuba
Lilung' u-Yehova,
Kum seloko elaliwa
Linge nabugqweta.

——o——

*Indumiso XCIII.*

## 93 C.M.

NGUKUMKANI u-Yehova
Wambete indili,
U-Yehov' uzambatisa
Abinq' amandla.

Lizinzil' alishukumi
Lonk' elimiweyo;
2 Ngokunjal' e-Yak' itroni
Ingonapakade.

3 Onogumbe bemilambo
Bapakamisile
'Sandi sabo, 'ngxolo yabo
Ba-Kuwe, Yehova.

4 Bagqitisa pezu kwezandi
Zamanz' emaninzi,
Pezu kwamanz'agqum' elwandle
'Yehov' eyi ngangamsha.

5 Zinyanisa ngokukulu
'Zingqiniso Zako,
Buy' fanel' e-Yak' indlu,
Yehov,' ubungcwele.

——o——

*Indumiso XCIV.*

## 94 C.M.

TIXO wempindezelo,
Bengezela, Tixo,
2 Pakama Mgwebi-hlabati
Nuz' abaneratshi.

3 Kunini-n' abangendawo,
Kunini, Yehova?
Kunini-n' abangendawo
Beba vuyeleli.

4 Balepuza amagwebu
Beteta ngokusa.
Bagâsa ngakunye bonke
Bebenzi bentlondi.

5 Bantu Bako bebatyumza
Ewe, Yehov,' a-Bako.
Belicinezela nzima
Abalifa Lako.

6 'Mhlolokazi bembulala
Kwa nowase mzini,
Ngokunjalo bencinita
Nabazikedama.

7 Kuba okokwabo bati:
'Yehov' akaboni,
Ongu Tixo ka-Yakobi
Kugqal' akagqali

8 Hoi! zityakal' ebantwini
Kâmqonda nina!
Hayi kwanani zinyabi,
Noqiqa ninina?

9 Omilisele indlebe
Akayi kuva-na?
Lo umbumbi wal' iliso
Akakangele-na?

Ukuba ningeva namhla
'Nteto yezwi Lake.
8 Musan' intlizivo yenu
Kuyenza lukuni.

Ngokwemin' e-Meriba-Masa,
9 Bandiling' o-yihlo
Bandicikida, bebona,
Pof' umsebenzi wam.

10 'Minyak' emashumi mane
Ndaruquka ngabo,
Bebantu bantliziyo-tye,
'Ndlela zam bezona.

11 Ndada ndikwenkul' ingqumbo
Ndafunga ndingoti,
Inene ko-Lwam upumlo
Abayi kungena.

——o——

*Indumiso XCVI.*

## 96 C.M.

MVUMELEN' u-Yehova
Eyentsha ingoma,
Mvumelen' u-Yehova
Nina nonke mhlaba.

2 Mvumelen' u-Yehova
Bongan' gama Lake;
Ezosindiso indaba
Zishumayeleni.

3 Balisan' ezintlangeni
O-Lwake uzuko,
Balisani ezizweni,
E-Yak' imisebenz'.

4 Kuba u-Yehov' emkulu
Ngowokudunyiswa,
Woyikeka ngapezulu,
Ko-tixo bonk' aba.

5 Ngokuba abanj' otixo
Bengento zaluto,
Ngu-Yehova Yena yedwa
Owenz' amazulu.

6 Yindili nobugagamela
Ebusweni Bake
Ingamandla nokuhomba
Engcweleni Yake.

7 Mizalwana ezizweni
Mniken' u-Yehova,
Ungcwaliseko, namandla
Mniken' u-Yehova.

8 Ku-Yehova lunikeni
Zuk' igama Lake,
Minikelo yitwâleni
Kwiminquba Yake.

9 Qubudani ku-Yehova
Nivet' ezingcwele,
Nga Kuye nitutumela
Nina mhlaba wonke.

10 Ezintlangeni yitini
Kulaula u-Yehova:
Elimiweyo lozinza
Lingazamazami.

Yena wogweb' okute-tye
Pakati kwezizwe;
11 Amazulu avuyiswe
Umhlaba ugcobe,

12 Ulwandle luya kugquma
Nokuzala kwalo,
Nelizwe liya kudlamka
Nento yonk' ekulo.

Ize yonk' imemelele
Imiti yehlati
13 Pambi Kwake u-Yehova
Ngokuba esiza.

Eza kugweb' el' miweyo
Ngat' ubulungisa
Kwa nakwabezizwe nabo
Ngokunyaniseka
——o——.

*Indumiso XCVII.*

## 97 C.M.

U-YEHOVA ngu-Kumkani
Uyagcob' umhlaba,
Iziqiti ezininzi
Nazo ziyavuya.

2 Amafu Kuy' anxa zonke
Nesitokotoko,
Ummiso we siko Lake
Yitron' yob'lungisa

2 U-Yehova wongamile
Apo e-Tsiyoni,
Yena ungopakanyiswe,
Wapez' kwaz' izizwe.

3 Bol' bulela baloyike
'Gama Lak' el' kulu;
Ki ba Yena eyingcwele,
Ngowokuzukiswa.

4 'Mandl' o-kumkan' atanda
Okuse sikweni,
Okute tye uk' zimasa,
Nok' lunga kwa-Yakob.'

5 Mpakamisen' u-Yehova,
'Tixo wet' engcwele,
Es' tulweni niqubuda
Enyaweni Zake.

6 Kubenzeleleli Bake,
O-Moses no Aron.
Pakati ibe ngu-Samweli
Abanquli gama.

Ababiza ku Yehova
Yen' ebapendula,
7 Esemqulwini welifu
Xa eteta nabo.

Izinqino nommiselo
Ezika Yehova
Oko wabanikelayo
Bona bazigcina.

8 Yehova, wabapendula
Ungoxolelayo,
Nak' ba wakupindezela
Oko kuzintlondi.

9 Mpakamisen' u-Yehova,
Ongo wet' u-Tixo,
Onguy' ongcwele nimnqula
'Ntaben' yak' engcwele.

——o——

*Indumiso C.*

## 100 L.M.

DUMANI Kuy' u-Yehova
Nonke mhlab' imiweyo
2 Mukonzeni u-Yehova,
Pambi Kwake ninovuyo.

3 Yazini wasenza Yena,
Ongu 'Tixo u-Yehova.
Asisiti, Kuye s' bantu,
Bokwaluswa njengezimvu.

4 'Masang' Ake niwangene
Nibulela, nivuyile;
Kwintendelezo niduma
'Gama Lake nilibonga.

5 Kub' ulungil' u-Yehova,
Eneya pakad' inceba,
Kwab' o-Kwak' ukunyanisa
Koz' tyuty' izizukulwana.

——o——

*Indumiso CI.*

## 101 C.M.

NDIYAKUMVUMA ngenceba
Nangawo umgwebo;
Indumiso ndakuzenza
Nga Kuwe, Yehova.

2 Ndoyiqiq' indlel' ete-tye
Woza nini-na kum?
Ndohamba ngentliziy' entle
Pakati kwendlu yam.

3 Amehl' am ubutshijolo
Akakububêka;
Ezamanxaxâ izenzo,
Kum zotyeka.

4 'Ntliziyo yojibilizo
Yokwêlela kude;
Eyakuba yembi into
Yon' andikuyazi.

5 Ngasese ohleb' uwabo
Lowo ndombângisa,
Mehl' ontliziy' iqwayingayo
Nakany' ukumtwala

6 Mehlo abanyanisayo
Bondipahl' ezweni;
Abahamba ngemfezeko
Bondilungisela.

7 Kwindlu yam akakuhlala
Owenz' inkohliso;
Pambi kwam akakuqina;
Otet' ubuxoki.

25 Ikwizi zukul' e-Yako
Ngaz' izizukulu
Mhlaba, mazulu, asisenzo
So Kwak' ukudala.

26 Ziyakudaka-ke ezonto
Wena ume umi,
Zonakale njenge ngubo
Zonke zigugiswe.

27 Wena ungohlel' u-Nguwe,
Minyak' ingapeli
28 Nobakonz' nembewu yabo
Yozinyaswa Nguwe.

——o——

*Indumiso CIII.*

## 103 C.M.

MAUMBONGE u-Yehova,
Wena mpefumlo wam,
'Gama Lake elingcwele
'Mbilin' am il'bonge

2 Maubonge u-Yehova
Wena mpefumlo wam;
'Mpato Yak' ingalityalwa
Ukuba-ntle nguwe.

3 Ube mxoleli bugwenxa
Wampilisi zifo;
4 Wamkululi bom sihogwen'
Wakujiz' inceba.

5 'Mlomo wak' uwuzalisa
Ngokulungileyo;
'Butsha bako buhlaz' yeke
Njengobe xalanga.

6 Umisebenzi u-Yehova
Iyeyo b' lungisa;
Ukugweba kukusel' abo
Bangabacudiswa.

7 Ndlela Zake wazazisa
Kuye u-Mosesi,
Naz' izenz' eziyincamisa
Kuma Sirayeli.

8 Ubabalo lwemfesane
Lu-Kuy' u-Yehova;
Okomsind' uzeka kade,
Emkulu ngenceba.

9 Akapikisi kupele
Engagcini msindo,
10 Akas' pati ngokwezono
Nobugwenxa betu.

11 Oku pakama kwezulu
Longamel' umhlaba,
Kwabamoyikay' unjalo
Ngamandl' enceb' Ake.

12 Lomgama wempumalanga
Ukuy' ematshona
Kufuz' ukweleliswa,
Kwezetu izireqo.

13 Njengoyise kubantwana
Ukuba nemfesane,
Imsika njal' u-Yehova
Ngaboyiki Bake.

14 Kuba uyakwazi Yena
Okwet' ukubunjwa,
Esikumbulel' ukuba
Silutuli tina.

15 Hay' umntu! Eyak' imihla
Injengo tyani,
Njenge ntyatyambo yasendle
Utyatyamba njalo.

16 Uti ukuba umoya
Ungodlule kuyo,
Ingabiko, iti-shwaka
Nendaw' ebikuyo.

17 Yon' inceba ka-Yehova
Ikuboyiki Bake,
Kususela kwapakade
Kus' epakadeni,

Nobulungisa konyana,
Nonyana bonyana,
18 Kubagcini bomnqopiso
Nabenz' ziyalezo.

19 'Trone Yake u-Yehova
Izinz' ezulwini,
Nab' o-Bak' ubukumkani
Bulaul' into yonke.

20 Mbongen' u-Yehova, nina
Nizitunywa Zake;
Magora omelelele
Ukwenz' izwi Lake.

22 Ilanga lisati-câpa
Zohlanganisana,
Ez'kundleni zobutuma
Ngokuzitandela.

23 Uyapuma umntu aye
Msebenzini wake,
Nankonzwen' ilunge kuye,
Ekuy' ahlwise.

24 'Zenzo zo-Yehova, hayi
Ubuninzi bazo!
Zonke zenzw' ebulumkweni.
Kumhlab' oyindalo.

25 Ulwandl' olu lulukulu
Nxa zonke lubanzi
Kulo kuzinyambalala
Zingexelwa nani;
Ez'ncinane nezinkulu
Zipilile zonke.

26 Inqanawa ziyal' hamba
Zikunye nomnenga,
Lowo wawudalelayo
Ukudlala kulo.

27 Zonke zipela ezonto
Zikangele Kuwe.
Ukuba zinikw' ukudla
Ngexa elililo?

28 Zinikwa zotya zohluta
Kokulungileyo.

29 Uzisitelis' ubuso
Ziyakwânqa zona;
Uraxis' umpefuml' azo
Zibe tuli lok'fa.

30 'Mpilo zinikwa kutunywa
Komoya Wako
Buhlaziyw' ubuso bazo
El' tulini lomhlaba.

31 Buqaqauli bo-Yehova
Mabum' ipakade;
Avuyiswe u-Yehova
Nakukwenza Kwake,

32 Ungobêka emhlabeni
Suk' uzamazame;
Ungocukumis' intaba
Zosuka ziqûme.

33 Logama ndidla ubomi
Ndomvum' U-Yehova.
Ndiyakumbetel' uhadi
Ngelixa ndikoyo.

34 Kuye mayibe nencasa
Eyam ingcamango;
Ze okwam ukuvuya
Kube Ngawe Tixo.

35 Mabadak' abangendawo
Naboni bomhlaba.
Mpefumlo wam, wen' okwako,
Mbonge u-Yehova.

——o——

*Indumiso CV.*

## 105 C.M.

BULELANI ku-Yehova,
Nqulan' 'gama Lake,
Yaziseni incamisa
Yezenzo Zake.

2 Vumani Kuye ingoma,
Nimbetel' uhadi;
Kuxoxen' ukubaluleka
Kwe Yak' imisebenz'.

3 Ngegama Lak' elingcwele
Qâyisani ngalo:
Intliziyo mazivuye
Zabo bamfunayo.

4 'Mandla Ake u-Yehova
Maniwânxámele;
'Buso Bake nibufuna
Ngamaxesha onke.

5 'Misebenzi awayenzayo
Maniyi kumbule,
Izimanga zezigwebo
Ezomlomo Wake,

6 Mbewu-ndini ka-Abraham
Ongumkonzi Wake,
Nyana-ndini bo Yakobi
Bangumnyulwa Kuye.

7 'Tixo kuti ngu-Yehova
Engowetu Yena,
Oku Kuye ukugweba
Kuwo wonk' umhlaba.

33 Wayibet' imidiliya
Kwane mikiwane.
'Miti nayo wayishwaqa
'Miden' yelo lizwe.

34 Pezu kok' ube wateta
Kwafika inkumbi,
Ezanda zakotulula
Nyambalal' ininzi.

35 Yonk' imifuno zayidla
Kwelo lizwe labo,
Neziqamo zalomhlaba
Zazidla kwanazo,

36 Amazibulo elozwe,
Onke abulawa,
Lawo angamandla onke
Nabe yintlahlela.

37 Bakutshwa abanga Bake
Nesilver,' negol' de,
Akukubekanga namnye
Wabesizwe Sake

38 Bakupuma bavuy' seka
Elase Yiputa,
Kuba lalise lingenwa
Lunkwanty' okukulu.

39 Wabanekela ilifu
Uk' ba libasite
Kant' umlilo ngobusuku
Wabakanyisela

40 Izagwityi wazizisa
Bakuba bebiza;
Wabahlutisa ngesonka
Sivel' ezulwini.

41 Wabavulela iliwa
Amanz' abaleka,
Engumlamb' aqukuqela
Kweli ngumqwebedu.

42 Oku kuba ekumbula,
'Zwi Lak' elingcwele
Ku-Abraham emkumbula,
Engumkonzi Wake.

43 'Bantu Bake wabakupa
Bengabavuyayo;
Baye a-Bak' abanyulwa
Benz' umemelelo.

44 Amazwe angawe ntlanga
Wawanika bona,
'Nzuzo yawo bayihluta
Yokwaz' ukwapuka.

45 Besenzel' ukuyigcina
'Mimiselo Yake,
Nemiyal' ukuyibamba.
Yena adunyiswe.

——o——

*Indumiso CVI.*

## 106 C.M.

BULELANI ku Yehova
Kuba elungile,
Kuba e-Yake inceba
Ingunapakade.

2 Izenzo Zak' u-Yehova
Ezo zobugora,
Nako konk' ukumdumisa
Up' onokumdumisa?

3 'Bantu abagcin' isiko,
Hay' uyolo lwabo!
Nabo ngamaxesha onke
Benz' ubulungisa.

4 Yehova, ndikumbule
Ekwenzen' isisa,
Xesh' a-Bak' ubavelele
Ukubasindisa.

5 Kukona ndobon' inywèba
Kubanyulwa Bako,
Luvuy' uhlanga beqay' sa
Abelifa Lako.

6 Senz' okubi nokugwenxa
Tina kwanobawo,
Obawo abaqiqanga
Nkumbul' ayabiko.

7 'Misebenz' encomekayo
Kwizwe le-Yiputa,
'Nceb' ezininzi bazipika
Elwandl' Olubomvu.

8 Wabasindisa ke kodwa
Ngokwegama Lake,
'Ze abazis' ubugora
Kwanamandla Ake.

34 Abazibângisa izizwe
Betûnyelwe kuzo;
35 Baxubana nezo ntlanga
Babonel' imikwa.

36 Bakonza zitixo zazo
Bazirintyela-ke;
37 Babinga ngonyana babo
Nentombi kwi-demon,

38 Magaz' amsulw' apalazwa
Entombi nonyana,
Kubingwa ngalo kotixo
Bezwe le Kanana.

39 Ngezenzo bazenz' inqambi
Baba ngamahenyu.
40 Wanomsindo u-Yehova
Lisikizi la-Bake.

41 Wabanikel' abatiyi.
Balawulwa ngabo;
42 Zabaxin' intshaba zabo
Batotyelwa pantsi.

43 Zibe zininz' izihlandlo
Yen' ebahlangula
Ngamaqinga bampikisa
Bemka nobugwenxa.

44 Wakunonelela noko
Xa bahlahlambayo,
Zintlungu zokucudiswa
Behlela Kuye.

45 Wakumbula ngenxa yoko
Umnqopiso Wake.
Ebuye fut' ezohlwaya,
Ngobuninzi nceba.

46 Wabafumanis' inceba
Ababa tlmbayo:
47 Sisindise, Tixo wetu,
Kwintlanga sibute.

Silibulele igama,
Elingcwele Lako
Ze ngendumis' eye Yake
Sibonge sizingca.

48 Makabongwe u-Yehova
Oka Sirayeli,
Kususel' okwapakade.
Kuhlokom' u-Amen.

*Indumiso CVII.*

## 107 C.M.

BULELANI ku-Yehova,
Kuba elungile;
Ngokuba ingunapakade,
Eyake inceba.

2 Mabatsho abakululwa,
Abaka Yehova,
Wabakulul' esandleni
Songumbandezeli.

3 Wababuta emazweni,
Kwelempumalanga;
Kwawasentla naselwandle
Was' entshonalanga.

4 Kwelentlango-ke badinga
Kwindlel' enkangala,
Muzi apo wokuhlala
Abawufumana.

5 Belambile benxaniwe
'Mpefumlo watyâfa;
6 Bakucuteka bakâla;
Wasiz' u-Yehova.

7 Baya mzini wokuhlala
Ngeyon' intl' indlela:
8 Bambulela u-Yehova
Ngay' inceba Yake.

'Kubalulek' okukodwa
Kwinzala ka-Adam
'Misebenzi eyinceba
Yake u-Yehova

9 Umpefuml' uhlutisiwe
Walow' utshobayo,
Wabe lowo wolambayo
Kukulung' uzele.

10 Abahlali bobumnyama
Etunzin' lokufa,
Ngamakonxw' embandezelo
Ngaso isinyiti

11 Kuba bona bepikisa
Aka 'Tix' amazwi,
Cebo Lake bal'tshitshisa
Low' Osenyangweni.

37 Bahlwayela amasimi,
Batyal' idiliya,
Bavelisa iziqamo,
Banengeniselo

38 Wabasikelela banda
'Nkomo zabo zanda :
39 Bancipa basibekeka
Bekânywa sinqâla.

40 Adeleka amanene
Ebangelwa Nguye,
Wawadingis' enyanyeni,
Akwabiko ndlela.

41 'Hlwempu walis' engxondeni
Kude nezikade,
Walenzel' imizalwana,
Yaba njengomhlambi.

42 Abate-tye bavuyiswa
Kukubona oko,
Babe bonke ubugqweta
Buvalwe umlomo.

43 Lowo ke ulumkileyo
Magcin' ezindawo,
Ezinceba azigqale
Ezika Yehova.

——o——

*Indumiso CVIII.*

## 108 C.M.

IZIMASEKILE, Tixo,
Intliziyo yami,
Ndovuma ndibet' uhadi
Kwa nozuko lwami.

2 Vuka mrubê, vuka hadi
Pambi kwesifingo
3 Ndibulele ku-Yehova,
Pakati kwezizwe,

4 'Kub' inkul' inceba Yako
Yapez' kwamazulu ;
Isesibâkabâkeni,
Inyaniso Yako.

5 Izipakamise pezu,
Kwamazulu, Tixo,
Ubuqaqauli Bako,
Pez' komhlaba wonke.

6 Zot' intanda Zako ngoko
Zihlangulwe Nguwe,
Zisindiwe ngesok' nene,
Nam undipendule.

7 'Tix' utetile ungcwele,
Mandivuyelele :
'Shekem, ndomahlulahlula,
'Sukot' abe ntili.

8 'Giliyadi, ungo Wam,
'Manase kwanaye
S'gcina-ntloko ngu Efrayim,
Ntong' Am ngu Juda.

9 Sitya Sami ngu Mowabi
Esokuhlambela,
Edom, wenz' we imbadada;
Ndoduma ngo Filisti.

10 Ngubanina owondisa
Mzin' unqatyisweyo ?
Woba bani owondikapa
Andise kwa Edom ?

10 Tixo asi Nguwe-na lo
Usihlambileyo,
Akwapuma nayo, Tixo
Nemikosi Yako ?

12 Kumbandezeli sincede,
Siz' alunto lomntu
Siyakweyisa ngo-Tixo,
Azigqush' intshaba.

——o——

*Indumiso CIX.*

## 109 C.M.

TIXO, wendumiso yami,
Musa ukuti-tu,
2 Kuba ndakânyelwe mlomo
Ngabo bangendawo.

Bateta ngelwimi zabo
Okundixokayo.
3 Bandijikele ngenteto,
Balwa nam ngelize.

4 Ndibatanda, nditandaza,
Bona bandicâsa,
5 Ndaweni yobulungisa,
Ndilandezw' okubi,

30 Ndobulela u-Yehova
Kakulu ngomlomo,
Kwintlangano yabaninzi
Yena ndimdumise.

31 Kuba ute kolihlwempu
Wema ekunene,
Lisindiswe kubagwebi
Bompefumlo wabo.

——o——

*Indumiso CX.*

## 110 C.M.

UTSH' u-Yehova kwi-Nkos'am,
Hlala ek'nene Kum ;
'De ndizenz' intshaba zako
'Situlo senyawo.

2 Kuw' intonga engamandla
Uya kuy' tumela,
Yovel' e-Tsiyon isiti,
Laul' intshaba zako.

3 Boz' nikela ngentliziyo
Evumay' a-Bako,
Lomin' umkos' upumayo,
Uvet' ezingcwele.

Ngesifingo umlisela
Woza njengombete.
4 Efungile nj' u-Yehova,
Nakany' aguqule.

Ete-Wen' umenzeleli
Kus' epakadeni,
Olumfano nye nodidi
Lo Malkitsideki.

5 Yobapalus' okumkani
Ekunene Kwako,
Kuba lomini i-Nkosi
Yoba inomsindo.

6 Izidumbu zozalisa
Pakati kwentlanga,
Ipaluse izigweba
Intloko zelizwe.

7 Yoya mlanjaneni' isele—
Ongesendleleni,
Ukuze eyay' intloko
Iyipakamise.

*Indumiso CXI.*

## 111 C.M.

HALELUYA ! ndobulela
Kuye u-Yehova,
Kolwabate-tye ucweyo
Nase mabandleni.

2 Izenzo zika-Yehova
Zizezezikulu,
Ntsingiselo zazo zonke
Zizezo kungxokwa.

3 'Msebenz' Ake unendili
Nobungangamela,
Bulungisa Bake bumi
Boy' epakadeni.

4 'Msebenzi yobaluleko,
Yenz'w' ukukunjulwa ;
'Yehova unobabalo
Kwanay' imfesane.

5 Abamoyikay' ubapå
Okwabo ukudla ;
Ngonapakad' awukumbule
Umnqopiso Wake.

6 'Bantu Bake ubabonisa
'Mandl' ezenzo Zake,
Az' abanike intlanga
Zibe lifa labo.

7 Ziyinyaniso nesiko
Akwenza ngo Kwake,
Zab' iziyalezo Zake
Zitembeke zonke.

8 Ngonapakade nanini,
Zizimasekile,
Kwenziwa kwazo kute-tye
Ngenyanis' ekuzo.

9 'Bantu Bake ubatanda
Ukukululeka,
'Mnqopis' Ak' uw' misile
Kube napakade.

'Gama Lake elingcwele
Leloyikekayo.
10 Ukoyika u-Yehova
'Ngqalo yobulumko.

*Indumiso CXIV.*

## 114

C.M.

EKUPUMEN' e-Yiputa
Kuka Sirayeli,
Kwendlu ka-Yakob' kubantu
Bentet' engaz' wayo.

2 Yuda waba yingcwel' Ake,
'S'rayel' wakumkani;
3 'Lwandle lwabona lwasaba,
'Yordan yabuy' umva.

4 Zaxel' ezegush' inkunzi
Ukudlob' intaba,
Zaz' induli zadlobisa
'Matakan' omhlambi.

5 Wena lwandle wabangwa-ni
Ukuze usabe?
Hi! wena Yordan, ukuze
Ubuyele emva?

6 Nina zintaba, nidlobe
Kwenkunzi zegusha?
Kwanani nina zinduli,
Njengamatakane?

7 Ebuswen' be-Nkos' u-Tixo
Ngcangcazela mhlaba,
8 Obang' iliwa neqwita
Limpompoz' amanzi.

——o——

*Indumiso CXV.*

## 115

C.M.

YEHOVA, maingabi siti
Osizukisayo
'Gama, 'nceba, 'nyanis' Ako
Emazizukiswe.

2 Yin' ukud' intlanga ziti,
Namhl' u-Tix' ab' upi?
3 'Tix' etu emazulwini,
Wenz' akutandayo.

4 Yi-silvere negolide
Izitixo zazo,
Ezonto-ke zizizenzo
Zezandla zabantu.

5 Zinomlomo aziteti
Ngamehlo aziboni;
6 Zinendlebe nje aziva,
Mpuml' azisezeli.

7 Zandla zazo azipati
Nganyaw' azihambi;
8 Ngomqala azidumzeli
Njal' umtyid', umkonzi.

9 Wena Sirayeli, kolosa
Ngaye u-Yehova,
Oluncedo lwako Nguye
Kwanengweletshetshe.

10 Kolosani ngo-Yehova,
Nina ndlu ka-Aron,
Uncedo, nengweletshetshe
Eyiyo eyabo.

11 Nina boyiki Yehova,
Temban' u-Yehova,
Oncedo nengweletshetshe
Inguye eyabo.

12 U-Yehov' usikumbule
Wasisikelela,
'Ndlu ka-Sirayel' no-Aron
Wozisikelela.

13 Aboyiki bo-Yehova
Wobasikelela,
Kususele kwabo banci
Kuse kwaba kulu.

14 U-Yehova futi-futi
Wonandisa nina;
Nyana benu ngokunjalo
Abandise nabo.

15 Ku-Menzi zulu nomhlaba
Nitanyusanqelwe,
16 Mazulu-mhlab' anikelwe
Konyana bo-Adam.

17 Abadumis' u-Yehova
Asibafileyo,
Asibo bonke behlela
Kwelo lokuzola.

18 Siya kumbong' u-Yehova
Kususela koku,
Singabati Haleluya
Kus' epakadeni.

Mpendul' Ake yandibeka
'Ndaweni ebanzi.
6 Xa Yehov' unam ngumntu mni
Endakumoyika ?

7 Ngokundinceda, Yehova,
Woba ngakum Wena,
Abanditandayo ke mna
Ndiyakubabona.

8 Kuzimela ngo-Yehova
Kulungile kanye,
9 'Pez' kokoloso bantwini
Nok'ba ngamanene.

10 Zingafanelan' intlanga
Zonke zindiraula,
Ngegama lika Yehova
Inene ndoz' nqumla.

11 Zingafanelan' ukundiraula
Zide zandingqonga,
Ngegama lika Yehova
'Nene ndozinqumla.

12 Zindiraule njengenyosi
Zocinyw' okwentsasa,
Ngegama lika Yehova
Inene ndoz'nqumla

13 Wen' undityale ngamandla
Ufun' ukundiwisa,
Suka kodwa u-Yehova
Yena wandinceda.

14 'Qayiya lam, neyam ingoma
Nguye u-Yehova
Ungu Lowo ute kum waba
Nguy' olusindiso.

15 Elokumemelel' ilizwi
Ngalo usindiso
Lenzeka ezintenteni
Zaw' amalungisa,

Liti, Siyoyis' esokunene
So-Yehov' isandla.
16 Sab' iseso sokunene
Es' pakamileyo.

17 Ukuf' oku mn' andikufa
Ndakubudl' ubomi,
Kė ndizibalis' izenzo
Ezika Yehova.

18 Unditetise kunene
Pofu u-Yehova,
Kok' akad' andinikele
Kwelo lakwakufa.

19 Amasang' obulungisa
Kånindivulele,
Okungena ku-Yehova
Ndiye kumbulela.

20 Kwa Yehov' amalungisa
Angen' elisango
21 Kuy' ebulel' uk'pendulwa
Waba lusindiso.

22 Ulitye abo bangabaki
Bas'ke balilahla
Kanti koko livimbòmbò
Eyiyona ntloko.

23 Kwabe nokuvela kwalo
Kukuy' u-Yehova,
Limsebenz' wobaluleko
Emehlweni etu.

24 Le yimin' asenzeleyo
Tina u-Yehova,
Ngoko masigcobe Ngayo
Sibe nokuvuya.

25 Siyabongoza, Yehova,
Camagu sindisa,
Siyabongoza, Yehova,
Camag' uhlangula.

26 Makabongwe low' uzayo
'Gamen' lo-Yehova
Abasendlwini ka-Yehova
Sibasikelela.

27 Ongu-Tixo u-Yehova
Usikånyisele ;
Ngentanb' imibingelelo
Yibopeleleni.

'Zimpondwen' zes'bingelelo
Ziy' emtendelekwen'.
28 Tix' 'am, ndakukubulela
Ndikupakamise.

29 Bulelani ku-Yehova
Kuba elungile
Yabe ingunapakade
Eyake inceba.

22 Ingcikivo nay' indalo
Shenxisa kum zimke;
Kub' e-Zak' izinqiniso
Ndisazibambile.

23 Pof' abatetel' behleli
Bateta teta ngam;
'Mkonzi Wako yen' ecamgca
Ngemimisel' Ako.

24 Kum ziziyoliso noko
Izinqino Zako,
Zabe zona zindingene
Zaba ngapakati.

---

25 Unamatel' el' tulini
Umpefumlo wami,
Wena nge Lak' ilizwi
Nced' undipilise.

26 'Ndlela zam ndiz'cacisile,
Wandipendula-ke;
Eye-Yak' imimiselo
Yona ndifundise.

27 Ndenze ndiziqond' indlela
Oziyalezayo,
'Misebenz' yobaluleko
Ukuze ndiyicamgce.

28 Ngenyembezi nesinqàla
'Mpefumlo uyopa,
Seyikokwelizwi Lako
Ukundomeleza.

29 Eyobuxoki indlela
Uyisuse kumi,
Ukuze undibabale
Eyomyalel' Ako.

30 Eyokutembek' indlela
Yona ndiyinyule,
Ati amasiko Ako
Ndijolise kuwo.

31 Ezinqinisweni Zako
Mandinamatele,
Uze ungandidanisi
Ke Wena Yehova.

32 Ekuben' uyenze banzi
Entliziyweni yami
Ndigidima ngay' indlela
Yemiteto Yako.

33 'Ndlela yemimisel' Ako,
Nkosi, ndiyalele,
Ukuze nam kus' ek'pelen'
Ndingoy' bambileyo.

34 Ndiqondise ndiwubambe
Umyalelo Wako,
Ize ngentliziyo yonke
Wona ndiwugcine.

35 Ndinyatelis' endleleni
Yemiteto Yako,
Ngenxen' okuba kwanami
Ndikwayitandile.

36 'Ntliziyo yam yitobele
Kwe Zak' izinqino,
Ekubawen' yikwèbule
Ingatobel' oko.

37 'Mehlo am inkohlakalo
Wadlulise kuyo,
Ukuze ngendlela Zako
Ndizuz' impiliso.

38 Zalisa kumkonzi Wako
Eyako inteto,
Eyakwenza okokuba
Wena bakoyike.

39 Ingcikiv' elixàla kum
Yidlulise nayo,
Ngokuba elungile kum
Amasiko Ako.

40 Nanku ndilangazelela
Ziyalezo Zako,
Ngobako ubulungisa
Kawundipilise.

---

41 Yehova, inceba Zako
Nazo zize kumu
Kwano Lwako usindiso
Ngokwenteto Yako.

42 Ndimpendule umngcikivi
Nge Lako ilizwi.
Ngokuba ndikolosile
Ngelilizwi Lako.

43 Izwi Lako lenyaniso
'Mlom' am lingahlutwa,
Elix' izigwebo Zako
Ndilindele zona,

66 Ndifundis' imvo nokwazi
Okulungileyo.
Ngokub' imiteto Yako
Ndiya kolwa Yiyo.

67 Ndingeka cinezeleki
Ndaye ndilahleka
Kungoku ndiyigcinile
'Nteto yezwi Lako.

68 Wenza okulungileyo
Kub' ulilungisa,
Imimiselo eye Yako,
Ndifundise yona.

69 Ngam batungel' ubuxoki
Abakukumali;
'Ziyalezo ndozibamba,
Entliz' ywen' am zona.

70 Ntliziyo yab' ite-fiti
'Mafut' okutyeba;
Okwam ngomyalelo Wako
Ndiyaziyolisa.

71 Lwaba lilungelo kumi
Ucinezeleko
Kuba ndiyifunde ngoko
'Mimiselo Yako.

72 'Myalelo womlomo Wako.
Ulungile kumi,
Ngapezu kwaw' amawaka
Egol' de ne sil' ver'.

—

73 'Zandla Zako zindenzele
Zakwa ndilungisa
Ndip' ingqondo yokuy' funda
Imiteto Yako;

74 Bavuye bakundibona
Abakoyikayo
Ekutini ndilindele
Elizwini Lako.

75 Yehova zinob' lungisa,—
Oku ndiyakwazi,—
Iz' gwebo zitembekile
Undicinezele.

76 'Nceb' Ako ngamana yaba
Yetùtùzelayo
Ibe njengok' uteta Kwako
Kuy' umkonzi Wako.

77 Mazize kum ze ndipile
Imfesane Zako
Kuba ndiyoliswa nguwo
Umyalelo Wako.

78 'Baratsh' abandixokayo
Bona mabadane
Ndab'okwam ndinguy'ocamgca
Ngez' yalezo Zako.

79 Mabandibuyele abo
Abakoyikayo;
Nabo abo bazaziyo
Iz' nqiniso Zako.

80 'Ntliziyo may' gqibelele
Kwe Yak' imimiselo
Oku ukuze ndingabi
Ngoya kudaniswa.

—

81 'Mpefuml' ulangazelela
Usindiso Lwako,
Kub' oko ndikulindela
Elizwini Lako.

82 'Mehl' am alangazelela
Eyako inteto,
Kungoko ndibuz' ukuti:
Ntutuzel' inini?

83 Noko ndibe njengentsuba
Ebekwe emsini,
Eye Yak' imiselo
Andikuy' libala.

84 'Ntsuku zak' umkonz' Wako
Zoba nani lini
Pambi kokub' ubagwebe
Abasukela mna.?

85 Izihogo bandimbèle
Abakukumali,
Babe bona benge ngabo
Bomyalelo Wako.

86 Ekuben' itembekile
Imiteto Yako;
Bandisukela bexoka
Wena-ke ndincede.

87 Bapants' ukundigqibela
Apa emhlabeni
Ke, mna andizilahlanga
Iz' yalezo Zako.

110 Banditiyele ngomgibe
Aba bangendawo
Kok' ez'yalezweni Zako
Andipambukanga.

111 Ndiz'dl' ilifa izinqinò
Kus' epakadeni
Ngokuba ziyimihlali
Yentliziyo yami.

112 Ekwenzen' mimisel' Ako
'Ntliziy' ik' tobele
Lonto yosa ekupelen'
Kwak' unapakade.

—

113 Ndibatiy' ukubatiya
Abangabambaxa;
Wabe umyalelo Wako
Ndiw'tand' ukuw'tanda.

114 'Sitè lam, nengweletshetshe
Yehova, i-Nguwe,
Kwabe elizwini Lako
Ndingolindeleyo.

115 Nina benzi bent' ezimbi
Kwelelani kumi,
Imiteto ndiyibambe
Eyo Tixo wami.

116 Ngezwi Lako ndizimase
Ukuba ndipile;
Uze ungakudanisi
Okwam ukulinda.

117 Yiba Nguy' ondixàsayo
Ukuze ndisinde,
Ndibe ngohlal' ey' bekile
Imimisel' Ako.

118 Balahli bemimis' Ako
Ubacekisile,
Kuba inkohliso yabo
Ibub' ubuxoki.

119 Abangendawo bomhlaba
Basusw' okwentlanga
Ngak' oko ndiyazitanda
Iz' nqiniso Zako

120 Nyama yam ingcangcazel'
Ukuhamb' oku kwam
Kuba ndingozoyikayo
Izigwebo Zako.

121 Ekwenzeni kwam ngesikò
Nangobulungisa
'Kwabo bandicudisayo
Ungandinikeli.

122 Ngakuy' umkonzi Wako
Kolunga ummele;
Mabangandicudisi ke
Abakukumali.

123 Awam amehlo ayapela
Kulangazelela
Usindiso nentet' Ako
Yab' ubulungisa.

124 Ngokwenceb' Ako menzele
Ongumkonzi Wako,
Iz' imimiselo Yako
Ndifundiswe yona.

125 Mina ndingumkonzi Wako
Ngoko ndiqondise,
Ndibe nguye ozaziyo
Iz'nqiniso Zako.

126 U-Yehova leli ilixa
Enze akwenzayo,
Ekubeni bewapule
Umyalelo Wako.

127 Ngenxa Yako ndiyitanda
Imiteto Yako
Ngapezu kway' igolide,
Nakwe ngcengiweyo.

128 Zonk' iziyaleyo Zako
Nxa zonke zite-tye;
Wonk' umendo wobuxoki
Kum utiyekile.

—

129 Zizenzo zobaluleko
Iz'yalezo Zako,
Kungok' owam umpefumlo
Uzibambileyo.

130 'Kutyilwa kwamazwi Ako
Kunik' ukanyiso
Oti nosis' isidenge
Azuze ingqondo.

131 Mlom' am wona wakàmisa
Suka ndahlwabusa,
Ngokuyi langazelela
Imiteto Yako.

153 Kangela ndicinezelwe,
Wena, ndihlangule
Kuba andiwulibali
Umyalelo Wako.

154 Obambene nam mbambe,
Kuy' undikulule,
Nangokwelizwi Lako
Mawundikulule.

155 Kwabangendaw' usindiso
Lubanyawukile,
Ekubeni bengay' funi
'Mimiselo Yako.

156 Yehova, Kuwe zininzi
Imfesane Zako,
Ngokwamasiko Ako-ke
Mawundipilise.

157 'Basukeli bam baninzi
Naba-bandezeli,
Noko andiyi kujika
Kwinqiniso Zako.

158 Ndababona ndaruquka
Abatshinizayo,
Abo bangayigciniyo
E-Yako inteto.

159 Bon' okwam ukuzitanda
Iz'yalezo Zako;
Yehova, ngokwenceb' Ako
Mawundipilise.

160 Isimbuku sezwi Lako
Siyinyanis' ipela,
Zingunapakad' iz'gwebo
Zilungile zonke.

---

161 Ngelizé bandisukela
Abateteli,
'Ntliziyo yam iyankwantya
Ngaw' amazwi Ako.

162 Ngenteto eyeye-Yako
Ndingonemihlali,
Ndanje ngofumen' iroba
Elile lininzi.

163 Ndikutiyile ukuxoka
Kum kulisikizi,
Ndabe ndingowutandayo
Umyalelo Wako.

164 Ngemini ndikudumisa
Maxesh' asixenxe,
Kungexxa yaz' izigwebo
Zob' lungisa Bako.

165 Abautanday' umyal' Ako
Banoxol' ol'kulu,
Ngokuba kubo asiko
Isikùbekiso.

166 Yehov' usindiso Lwako
Ndikangela kulo,
Yabe nemiteto Yako
Ndinguy' oyenzayo.

167 Nompefuml' am uyazigcina
Iz'nqiniso Zako,
Oko kuba ndizitanda
Ngokugqitileyo.

168 Iz' yalezo nez' nqiniso
Zako, ndiyaz' gcina,
Zabe zonk' ezam indlela
Zizez' pambi Kwako.

---

169 Mak' sondele pambi Kwako
Okwam uk' hlahlamba,
Yehova, ngokwezwi Lako
Mawundiqondise.

170 Pambi Kwako masifike
Isikungo sami,
Uze ngokwenteto Yako
Wen' undihlangule.

171 'Mlomo wam mawumpompoze
Indumiso Kuwe,
Kuba andifundisile
'Mimiselo Yako.

172 'Lwimi lam loyipendula
Eyako inteto,
Kuba yonk' imitet' Ako
Inobulungisa.

173 Isandla Sako masibe
Sesokunceda,
Ngokuba ndizinyulele
Iz' yalezo Zako.

174 Yehov' usindiso Lwako
Ndiyalunqwenela;
Wabe nomyalezo Wako
Uyandiyolisa.

## 123

*Indumiso CXXIII.*

C.M.

WEN' UHLEL' emazulwini
Ndikangela Kuwe.
2 Ngokwamehlo abakonzi
Isandla senkosi.

Ngokwamehl' omkonzazana
Sandla senkos' kazi
Ngolohlobo nawet' amehlo
Emi ku Yehova.

3 Sibabale, sibabale,
Wena O! Yehova,
Kub' okwetu sesanele
Kakulu kudelwa.

4 'Mpefuml' et' uhlutisiwe
Kugculwa, kudelwa
Ngabo bangabazidlayo
Ngeratshi lok' zingca.

——o——

## 124

*Indumiso CXXIV.*

*Ivunywe nge Ngoma eyi* C.M. [8,6,8,6]

KOK' u-Yehova waba nati,
Matsh' u-Sirayeli
2 Kok' u-Yehova waba nati.
Singaba vukelwa.

3 Ngeba siginya sihleli
Ngumsindo bevuta.
4 'Manzi nge sintywilisele
Saqatyelwa msinga.

5 Amanz' ukukûkumala
Ngekwa siqabela
6 Yehov' ungowoku bongwa
Ak' sinikelanga.

7 'Mpefuml' etu wausindisa
Mgiben' ngokwentaka:
8 Lukuw' uncedo, Yehova,
'Menzi zulu, mhlaba.

## 124

*Ivunywe nge-Ngoma eyi* P.M.
[10,10,10,10] *Tune*

KOK' U-YEHOVA ebe ngakuti,
Maqinis' atsho u-Sirayeli
2 Kok' u-Yehova ebe ngakuti,
Abantu xa babe sisukela,
*Abantu xa babe sisukela.*

3 Ngebeba basiginya sihleli
Ekuvuteni komsindo wabo;
4 Ngeba sintywilisel' emanzini
Wa'gqunyelelw' owet' mpefumlo,
*Wagqunyelelw' owet' mpefumlo.*

5 Nawo lomanz' akûkûmeleyo
Angel' edlule nompefuml' etu.
6 'Yehov' ufanelwe zizibongo
Ongavumanga siqwengwe ngabo,
*Ongavumanga siqwengwe ngabo.*

7 Usinde ngokwentak' umpefumlo
Eqaul' umgibe wababambisi,
8 Ligama lo-Yehov' oluncedo
Owezulu nomhlaba u-Menzi,
*Owezulu nomhlaba u-Menzi.*

——o——

## 125

*Indumiso CXXV.*

C.M.

'BAKOLOSI ngo Yehova
Banje ngay' i-Tsiyon,
Intab' engaze ishukume
Ihlel' unapakade.
2 'Yerus'lem ejikelezwe
Kwazintaba nayo,
Inje ngaye u-Yehova
'Kubaraq' Bake,

Jikelezo olwangoku
Kus' epakadeni.
3 Kub' abadlelani lifa
Ilunga nongendaw',
Unantonga Yak' ihlala
Ilind' ongendawo,
Kwabe kolilung' inqanda
'Bugqweta bungezi.

*Indumiso CXXIX.*

## 129 C.M.

NDIBANDEZELWE kaninzi,
'Sirayel' makatsho,
2 'Mbandezelo zibeninzi
Kwase buncinanen'.

Abafeza luto noko
Bandilim' umhlana.
3 Beyolula ukuyilima
Kum eyab' indima.

4 Unguye olilungisa
Yen' u-Yehova,
Izintya uyazinqumla
Zabo bangendawo.

5 Mabadane babuy' umva
Abatiy' i-Tsiyon.
6 Bomis' okwencà epuma
Pez' kwendl' ingahlumi.

7 Novunay' isandla sake
Angasizalisi,
Nesondo lengubo yake
Obop' izitungu.

8 Nabadluli bengekati:
Sikelelekani,
Ngegama lika Yehova
'Ntsikelelo kuni.

—o—

## 130 C.M.

YEHOVA, ndinqula Kuwe
Ndisezinzulwini.
2 Nkos', maulibazel' indlebe
Uv' elam ilizwi.

3 Ukuba Yehova ute
Wanqal' ubugwenxa
Ongaba nokuma, Nkosi,
Ngaba ngubanina ?

4 Ukuxolela ku-Nawe
Ukuze woyikwe.
5 'Mpefuml' am utembele
Kuye u-Yehova.

6 Ulindele izwi Lake
Wona lompefumlo'
Pez' kwaba linde ukusa
Nditi balinde.

7 Wena Sirayel', lindela
Kuye u-Yehova,
Kul' inceb' iku Yehova
Kwane nkululeko.

8 Kuba eya kuwakulula
Ama-Sirayeli
Kubo bonke ubugwenxa
Abapantsi kwabo.

—o—

*Indumiso CXXXI.*

## 131 C.M.

INTLIZIYO yám, Yehova,
Ayipakamile
'Mehl' am akaqwayinganga
Abe ntwen' zinkulu.

2 Umpefumlo wam inene
Ndiwuzolisile,
Ngoko mntwan' olunyulweyo
Ehleli kunina.

3 Lindela-ke ku-Yehova,
Wena Sirayeli,
Kususele kwelangoku
Kus' epakadeni.

—o—

*Indumiso CXXXII.*

## 132 C.M.

KUMBUL' ukucinezela
Ko Davide, Yehova ;
2 Wak' fungel' uy'mbalasane,
'Tixo ka Yakobi.

3 Es' ti : Andiyi kuyingena
'Ntente eyindlu kum,
Sililin' ndinganyukeli
Ndiye mandlalen' am.

4 'Mehlo andikuwanika
B'tongo nokozela,
5 'De ndiwenzele indawo
'Mnquba ka Yehova.

4 Kub' u-Yakobi emnyule,
Abe ka-Yehova.
U-Sirayeli wamnyula,
Abe nqobo Kuye.

5 Ngokuba ndiyaz' ukuba
Mkulu lo-Yehova,
Engapezu ngobukulu
Kwabo bonk' otixo.

6 Konke akutandileyo
'Yehov' uyakwenza
'Zulwini nase mhlabeni,
Kwilwandle namanzi.

7 Zipelen' unyus' amafu,
Ezo-ke zomhlaba ;
'Mvul' ayenzel' imibane,
'Mroli moy' ez'storen'.

8 Wabulal' amazibulo
Lawo e-Yiputa,
Etabatel' ebantwini,
Wesa zinkomeni.

9 Watumel' imiqondiso
Nazo nezimanga.
Pakati kwako Yiputa
Ku Faro nabake.

10 'Ntlang' ez' nkulu waz' bulala
'Kumkani bamandla,
11 Sihon e-Amor. Og e-Bashan
E-Kanan kwa-zonke.

12 'Zwe lazo laba lilifa
Kuma Sirayeli.
13 U-ngunapakad' igama
'Nkumbuzo kwinzala.

14 Kuba wogweb' u-Yehova
Pakati kwabantu.
Aze abohlwaye ngenxa
Yabakonzi Bake.

15 Izitixo zezintlanga
Silver' negolide,
Zona zinguw' umsebenzi
Wezandla zabantu.

16 Zinomlomonj' aziteti,
Ngamehlo aziboni,
17 Zinendlebe pof' aziva,
Mlomo aw' namoya.

18 'Benzi bazo boba njalo,
Bafane kwanazo,
Bonke-ke abasukuba
Bekolose ngazo.

19 Nina ndlu ka Sirayeli,
Bongani u-Yehova,
Nina ndlu ka Aron nani,
Bongani u-Yehova.

20 Nani nina ndlu ka-Levi,
Bongan' u-Yehova,
Nani boyik' u-Yehova
Bongan' u-Yehova.

21 Ngowokubongw' u-Yehova
Kususel' e-Tsiyon,
Ulohlal' e-Yerusalem,
Bongan'. Haleluya.

——o——

*Indumiso CXXXVI.*

## 136 C.M.

BULELANI ku-Yehova
Ngokub' elungile
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

2 Bulelan' Tixo wotixo
Unceb' ipakade,
3 Bulelan' Nkos' yenkosi
Unceb' ipakade.

4 'Menzi misebenz' eyedwa
Ibalulekile,
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

5 'Menzi mazulu ngengqondo,
Unceb' ipakade,
6 Pez' kwamanz' ihlabati
Walitwabulula.

7 'Menz' zikanyiso zikulu,
Unceb' ipakade :
8 Ilanga liyilaul' imini
Unceb' ipakade.

9 Nyanga nkwenkwez' ebusuku,
Zibe ngabalauli,
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

9 Abe noyol' obambayo
Abantwana bako,
Abe ngobahlekezayo
Ezingxondoreni.

—o—

*Indumiso CXXXVIII.*

## 138 C.M.

NDIYAKUBULELA Kuwe
Ngentliziyo yonke,
Ndikubetele uhadi
Pambi kwab' otixo.

2 Ndoqubuda ndibèkise
'Tempilen' engcwele,
Ndibulel' igama Lako
Ngenxa yenceb' Ako;

Nangenxa yenyanis' Ako
Ete izwi Lako,
Yalikulisa lapezu
Nakwigama Lako.

3 Ngomhla wokwam ukubiza
Ndapendulwa Nguwe
Wawukalipis' amandla
Owam umpefumlo.

4 Bobulela Kuwe bonke
Okumkani bomhlaba,
Bakuweva O Yehova
Mazw' omlomo Wako.

5 Nangendlela zo-Yehova
Baya kuzivuma,
Kwa nokuba lukulu kwalo
'Zuko lo-Yehova.

6 Epakamil' uyambona
Otobekileyo
Kant' umazi esekude
Oz'pakamisayo.

7 Ndakuba ndihambahamba
Embandezelweni,
Uyandipilisa Yena
Nge Sake isandla.

Nako wentshaba umsindo
Esako isandla,
Wosolul' esokunene,
Ze sindisindise.

8 'Yehova wondilezela
Nceb' Ako ay' peli
Izenzo zezandla Zako
Mus' ukuz' yekela.

—o—

*Indumiso CXXXIX.*

## 139 C.M.

UNDIPENGULULE Wena
Wandazi Yehova;
2 Ukuhlala, ukusuka
Kuwe kuyazeka.

'Zicamango zam nakude
Wen' uyaziqonda;
3 Kuhamba kwam nokulala
Wen' uyakwela,

Zonk' ezizam indlela
Uqèlene nazo;
4 Lizw' elulwimin' aliko
'Yehov' ungalazi.

5 Ngasemva nangapambili
Ndingqingwe Nguwe,
Pezu kwam usibekile
Esako isandla.

6 Kubalulekil' okokwazi
Kudlul' ukunqaba.
7 Ndingahamba ndiyepina
Moyen' Ak' ukumka?

8 Ndiyepin' ukubaleka
Ndisab' amehl' Ako?
Ndinyuke nday' ezulwini,
Wobe uko apo.

Ndokwandlalela kubafi,
Wobako nalapo
9 Ndifake mapik' es' fingo
Nday' empela lwandle,

10 Sondikapa kwanalapo
Esako isandla
Size sokunene Sako
Sindibambe sona.

11 Ndite: Mabundisongele
Ubumnyama bodwa
'Kukanya bube busuku
Ngenxa zonke kum:

8 Iminqweno yongendawo,
Yehov' ungamniki;
Maqing' obub' atshitshiswe
Hlez' az'pakamise.

9 Okweyayo yon' intloko
Yabandingqingayo,
Ububi bomlomo wabo
Mubagubungele.

10 Amalahle avutayo
Mabawatotyelwe,
Beyel' emhadin' womlilo
Bangabi sapuma.

11 Mayingazinzi emhlabeni
Indod' enolwimi
Enogonyamel' indoda,
Bubi buy' zingele.

12 Ndaz' ukuba u-Yehova
Tyala losizana,
Nal' ibango lamahlwempu
Uyakulifeza.

13 Malungis' akubulela
Kul' igama Lako
Baye abate-tye bohlala
Ebusweni Bako.

—o—

*Indumiso CXLI*

## 141 C.M.

NDIYAKUNQULA, Yehova,
Kauleza uze kum;
'Zwi lam libekel' indlebe
Ndakudanduluka.

2 'Mtanda' am Kuwe mauhlale
Usisiqumiso
Kube mnikelo wokuhlwa
Zak' pakam' izandla.

3 Umlomo wam wumisele,
Yehova, umlindi,
Emnyango umgcini mmise
Waw' umlomo wami.

4 'Ntliziyo yam entwen' embi
Mus' ukuy' tobela,
Ukub' isebenz' intlondi
Yoko kungendawo,
Namadoda asebenza
Oko kubutshinga
Ukudla kwaw' okumnandi
Ndingaze ndikutye.

5 Ilungisa lindohlwaya
Kobako nenceba,
Enjal' i-oli yentloko
Ndingayi mangali,
'Mtandaz' am wohlala uko
Ebubini babo.

6 Bakahlelw' engxondoreni
Abab' abagwebi,
Baye beya kuwev' ukuba
'Mazwi am amnandi.

7 Ngokomlim' enqik' umhlaba
'Matamb' etu anjalo,
Nawo ayasasazeka
Emlonyen' wes'hogo.

8 Oko kwam, Yehova Nkosi,
'Mehl'am a-Kuwe.
Mpefuml' am ungaw'palazi
Ndizimela Ngawe.

9 Undigcine esangweni
Lomgib' utiyiwe.
Nakuzo izirintyelo
Uze undigcine,
Ezabo basebenzayo
'Ndlela zobutshinga.

10 Mabeyele zintanjeni
Zabo bangendawo,
Ndide mna okukanye
Ndidlule kupele.

—o—

*Indumiso CXLII.*

## 142 C.M.

NDIKALELA ku-Yehova
Ngal' elam ilizwi,
Kwangezwi kwa lam ndikunga
Kwa Kuy' u-Yehova.

2 Ndipalaza inkalazo
Pambi Kwake yami,
Ndimxelel' imbandezelo
Endipantsi kwazo.

Ulonyatelel' abantu bam
Babe pantsi kwam.
3 Yehov' uyintonin' umntu
Lento umaziyo?

Lento umnyamekelayo
Ongu nyana womfo?
4 Efana nompunganj' umntu,
Ilitunz' imihla.

5 Yehova, emazulwini yihla
'Ntaba maziqùme;
6 Banekisa imibane,
Upitizelise.

Tùma uzidubadube
Nge Zako intolo,
7 Yolul' upezul' izandla
Nceda undirole.

Sandlen' soluny' uhlanga
Mawundihlangule,
8 'Mlom' utet' inkohlakalo
Buxok' esok'nene.

9 Tixo, ndok' vumel' ingoma
Ibe yentsha yona,
Ndokubetela umrube,
Ontambo zilishumi.

10 Ulonika ukumkani
Okulusindiso,
Ulohlangula u-Davide
'Mkonz' Ak' ereleni.

11 Esandlen' siz' undirole
Saboluny' uhlanga,
Bateti zinkohlakalo,
Ngemilomo yabo.

Abasandla sokunene
Sipèt' ubuxoki,
12 Ngoku ke abet' onyana
Bakul' okwezityalo.

Ntombi zona njenge mbombo
Ezivatisweyo
Zamfakamfel' ukwakiwa,
Zaxel' okwebotwe.

13 Ovimba betu bazale
'Mveliso zehlobo
'Gusha zizel' amawaka,
Zigidi ukwanda.

14 'Nkomo ngokungenelwa
Zonke ke zimiti
Kuhlahlamb' ezitrateni
Asinto ikoyo.

15 Bantu banoyolo abo
Ekunjalo kubo.
Aba Tix' ungu Yehova
Hay' uyolo lwabo.

—o—

*Indumiso CXLV.*

## 145 C.M.

NDOKUPAKAMISA Wena,
Tixo wam Kumkani,
Ndolibong' igama Lako
Kus' emapakadeni.

2 'Mihla yonke ndokubonga,
Ndit' e-Lak' igama,
Pakade kanapakade
Ndidumise Lona

3 Mkulu kakul' u-Yehova
Ngowokudunyiswa
Abunakugocagocwa
Obak' ubukulu.

4 Zizukulwana kunconywa
Ezako izenzo;
Zizukulwana kuxelwa
Obak' ubugora.

5 Buqaqauli bongamela
Eyako indili;
Ndawo zokubaluleka
Owozicamgca ndim.

6 Ezoyikekay' izenzo
Zaw' amandla Ako
Boz'teta, nam ndibalise
Ngobukulu Bako.

7 Bompompoza nges' kumbuzo
Sok' lung' okukulu;
Baze benz' umemelelo
Ngob' lungisa Bako.

9 Ulungile u-Yehova
Kubo bonk' unjalo,
Kwabe konk' o-Kwak' ukwenza
'Mfesan' Ak' ikuko.

*Indumiso CXLVII.*

## 147 C.M.

KULUNGILE ukuvuma
Ngay' owet' u-Tixo,
Kuba iyafaneleka,
Imnand' indumiso.

2 Umaki we Yerusalem
Ngu-Yehova lowo,
Kwa Sirayel' abagxotwa
Babutelwa kuyo.

3 Abapuke intliziyo
Ngumpilisi wazo,
Abanamanxeba kubo
Ababope abo.

4 Inkwenkwez' inani lazo
Yen' uyalibala,
Zonke ngamagama azo
Azibize Yena.

5 Nkosi yet' inobukulù
Nangamandl' injalo
Yabe nangay' ingqondo
Kungeko sipelo.

6 Umpakamis' u-Yehova
Waz' izilulami,
Abangendaw' emhlabeni
Abatobe pantsi.

7 Hlabelani ku-Yehova
Eyokubulela,
Mbeteleni kwano hadi
Ongu Tixo wetu.

8 Ulosibelekisayo
Ngamafu izulu ;
Ulo lungiselelayo
Ngemvul' umhlaba ;

Ulo ntshulisa utyani
Basezintabeni,-
9 Nkomo, namatol' intaka
Az' nike ukudla.

10 Obehashe ubugora
Akabunanzanga,
Kwab' engakoliswa nganto
Zizinto zendoda.

11 U-Yehova ukoliswa
Ngabamoyikayo,
Aze nay' e-Yak' inceba
Abalinde ngayo.

12 Yerus'lem, ncom' u-Yehova,
Tsiyon, umdumise ;
13 Ngokuba ewomelezile
Amasango ako.

'Bantwan' ebasikelele
Ngapakati kwako.
14 'Mida yako yaluxolo
'Nqôlowa zacùma.

15 Ulo tumel' emhlabeni
Nteto yezwi Lake
Lize ngoku kawuleza
Ligidime lona.

16 Okoboya baz' izimvu
Waneka ikepu,
Agcwayele ngokotutu
Iqabaka kulo.

17 'Mkence Wake uyauposa
Njengamaqekeza,
Onokuma ngubanina
Pambi kwengqel' Ake ?

18 Utumela izwi Lake
Az' nyibilikise
Avutuzis' umoy' Ake
'Manz' aqukuqele.

19 Uloxelel' u-Yehova
Elake ilizwi
'Mimiselo, masik' Ake
Kuma Sirayeli.

20 Aka kwenzanga okunjalo
Kolunye uhlanga,
Aluwazi lomasiko,
Ngoko haleluya!

——o——

*Indumiso CXLVIII.*

## 148 C.M.

HALELUYA ! Hoy' mazulu,
Mabongw' u-Yehova ;
'Ndawo-ndini zapezulu
Mdumiseni Yena.

8 Bakonz' okumkani bazo
Ngemixokelelo
Makamandel' es' nyit' abo
Babekekileyo.

9 Isik' elibåliweyo
Bona balenziwe
'Ze oko ibe luzuko
Kwabenceba Yake.

*Indumiso CL.*

**150** C.M.

ENGCWELENI Yak' u-Tixo,
Dumisani Yena.
'Sibåkabåken' samandla,
Mdumiseni Yena.

2 Ngenxa yo-Bak' ubugora,
Mdumiseni Yena,
Ngobuninzi bobukulu
Mdumiseni Yena.

3 Ngokuvutel' isigodlo,
Mdumiseni Yena,
Ngomrube nohadi nalo
Mdumiseni Yena.

4 Ngengqongqo kwano
kungqungqa ;]
Mdumiseni Yena ;
Ngogwali nent' ezinentambo,
Mdumiseni Yena.

5 'Macange' akencezayo,
Mdumiseni Yena,
Ngamacangci adumayo ;
Mdumiseni Yena.

6 Epefumlay' into yonke
Onguy' u-Yehova
Mayiti Haleluya,
Imdumisa Yena.

ISIPELO.